

UNksk. Angie Motshekga, uMphathiswa wemfundo esisiSeko



UMnu. Enver Surty uSekela Mphathiswa wemfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke kuzo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.





Rainbow WORKBOOKS

ISIXHOSA HOME LANGUAGE
GRADE 4 – BOOK 1
TERMS 1 & 2
ISBN 978-1-920458-40-9
THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE – Ibanga lesi-4. Incwadi yoku-1

ISBN 978-1-920458-40-9



Ibanga lesi- 4

Igama:

Iklasi:

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE

Incwadi yoku-1
Ikota 1 & 2

UXANDUVA LOLUTSHA
LOMZANTSI AFRIKA

Ukulingana

Phatha wonke umntu ngokulinganayo nangendlela elungileyo. Musa ukucalucalula.



Isidima somntu

Hlonipha wonke umntu. Yiba nenceba nenkathalo.



Ubomi

Ubomi buxabisekile. Phatha yonke into ephilayo ngentlonipho.



Usapho



Bahlonele abazali bakho. Yiba nobubele nentembeko kusapho lwakho.

Imfundo



Yiya esikolweni, ufunde kwaye usebenze ngokuzimisela. Thobela imithetho yesikolo.

Umsebenzi



Ncedisa kwimisebenzi yasekhaya. Abantwana mabanganyanzelwa ukuba bafune umsebenzi.

Inkululeko nokhuseleko



Musa ukubavisa ubuhlungu okanye ubagonyamele abanye, kwaye sukubavumela nabanye ukuba benze njalo. Iingxwabangxwaba mazisonjululwe ngoxolo.

Ipropati



Zihlonele izinto zabanye abantu. Musa ukonakalisa ipropati kwaye musa ukuba.

Inkolo, inkolelo kunye noluvo



Zihlonele iinkolelo nezimvo zabanye abantu.

Ukhuseleko



Wukhathalele umhlaba. Musa ukuwamosha amanzi nombane. Zikhathalele izilwanyana nezityalo. Gcina ikhaya layo kunye nendawo ohlala kuyo icocekile kwaye ikhuselekile.

Ubummi



Yiba ngummi woMzantsi Afrika olungileyo nothembekileyo. Yithobele imithetho kwaye uqinisekise ukuba benjenjalo nabanye abantu.

Inkululeko yokuvakalisa



Musa ukusasaza ubuxoki nentiyo. Qinisekisa ukuba abanyhukulwa okanye baviswe ubuhlungu abanye abantu.

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
Third edition 2013

ISBN 978-1-920458-40-9

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

This book may not be sold.



Ibanga lesi- 4

Rainbow WORKBOOKS

Ulwimi

ngesiXhosa

1 Thina ngabanye ngabanye 2

2 Ezemidlalo 35

3 Iindawo nezinto zazo 69

4 Ubume bendawo 103



Le ncwadi yeka-:

ISIXHOSA

Incwadi yoku- 1

Umhla:

UNelson Mandela omncinci

Masithethe

- Wakhe weva ngoNelson Mandela?
- Ngoobani abanye abantu abaziwayo obaziyo?



Masifunde

NdinguNelson Mandela igama lam. Ndihlala eMzantsi Afrika, ilizwe elihle kakhulu elisencamini yelizwekazi iAfrika. Mna nawe sihlala eMzantsi Afrika. Ndazalelwa kwilali encinci yaseMvezo eMpuma Koloni ngomhla we-18 kuJulayi 1918. Sendilixhego ke ngoku ndimdala. Utata wam wayeyinkosi. Wandithiya igama elithi Rolihlahla elithetha 'umenzi wenkathazo' ngesiXhosa. Azi ukuba ebeya kuthini na utata ukuba ebenokwazi ukuba ubomi bam buphelele phi.

Ndandisemncinci kakhulu ukuya kuhlala kwethu eQunu, ndimalunga nonyaka okanye emibini ubudala. Imihla yam yaseQunu yayimnandi kakhulu. Ekukhuleni kwam ndandisalusa iigusha neebhokhwe zasekhaya.

Ndandidlala neetshomi zam edlelweni. Sasiqubha emilanjeni sisitya obona busi bumnandi esasibufumana kwizindlu zeenyosi. Ndandisoloko ndilumkele ukulunywa ziinyosi. Sasiye sihlale phezu kwamatye amcaba sitshitshilize ematyeni amakhulu kude kuqaqambe iimpundu singakwazi ukuhlala. Ngenye imini ndazama ukukhwela idonki kunjalonje ndiyikhwela kakuhle de loo donki yandiphosa esihlahleni esinameva!



Ndathi ndakuba neminyaka esixhenxe utata wandithumela esikolweni sasemishini. Ndaba ngowokuqala ekhaya ukuya esikolweni. Utata wayengafundanga. Kwakufuneka sinxibe iimpahla ezintle, kodwa ekhaya sasihlupheka kungekho mali yakuthenga impahla yesikolo. Utata wathatha kwiibhulukhwe zakhe wazisika emadolweni. Ndandingenayo nebhanti yokubhinqa waze utata wathatha umtya wandibhinqisa ngawo. Ndandizidla kakhulu, ndizingca kakhulu ngokunxiba loo bhulukhwe.

Esikolweni sam ndathiywa igama elithi Nelson ngutitshala wam.
Khawufan'ucinge ukuthiywa igama elitsha uneminyaka esixhenxe?

Ndandonwabile esikolweni nasekhaya. Umama wayedla ngokundibalisela amabali amaninzi akudala. Ndafunda lukhulu kumabali akhe. Wandifundisa ukuba ndibe nobuntu ebantwini. Utata yena wandifundisa ukukhalipha. Ndandifuna ukukhalipha njengaye. Ndandifuna ukuba njengaye kanye. Ndandidla ngokuqaba uthuthu ezinweleni zam ukuze zifane nezakhe. Ndandimthanda utata.



Masibhale

Wazalwa nini uNelson Mandela?

Ntlobo zini zemidlalo awayezidlala ngokuya wayesengumntwana?

Mfundiso zini awazifunda kubazali bakhe?

Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni elandelayo kwibali likaNelson Mandela?



Masibhale

Yenza izivakalisi eziphelelelyo ngokukrwela umgca kwicala elipinki uye kwicala elifanelekileyo elityheli.

Kuba sasihluphekile singakwazi ukuthenga impahla	kuba ndandifuna ukufana naye.
Ndafunda ubuntu	Ukukhalipha.
Utata wandifundisa	Kumama.
Ndandidla ngokuqaba uthuthu ezinweleni zam	utata wasika ibhulukhwe yakhe emadolweni.



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Ibali likaMandela

Masifunde

Ndathi xa ndigqiba iminyaka elithoba, ubomi bam batshintsha kuba utata wam waye wasweleka. Kwafuneka ndipakishe izinto ezimbalwa ndihambe nomama siye kwikhaya lam elitsha. Kwakubuhlungu ukushiya iQunu. Ndabheka ndajonga ngemva ndikhangela elo khaya lam nolo lonwabo ndilushiya ngasemva.

Ndajonga ooronta kunye nabantu bezisebenzela ngokwesiqhelo. Ndajonga umlambo apho ndandihlamba ndikwadlala khona namanye amakhwenkwe. Ndandicinga ukuba andisokuze ndiphinde ndidlale nabahlobo bam. Amehlo am azinza kwizindlu ezintathu ekhaya. Ndalishiya ikhaya lam – kodwa ndandingenakho nokulicingela ikamva lam.

Ndaya kuhlala kwabawokazi uJongi eMqhekezweni, ilali eyayikufuphi. Wayengumhlobo omkhulu katata. Ndandikhumbula kakhulu eQunu ngexa ndilapho, kodwa noko kunjalo ubawokazi uJongi wayendiphethe kakuhle. Ndandidlala nonyana wakhe uJustice kwaye sasizonwabisa kakhulu. Sasidla ngokukhwela amahashe, sisebenze egadini, sidlale ethafeni kwaye siqubhe nasemlanjeni. Ubawokazi wayendiphethe okomntwana wakhe.



Ndafunda kwisikolo esikufuphi. Ndathi xa ndineminyaka eli-16 ubawokazi uJongi wandithumela kwisikolo esiphakamileyo iClarkebury School. Njengotata, ubawokazi uJongi wayekholelwa kwinto yokuba imfundo ibalulekile kakhulu. Emva kweminyaka emithathu ndaya eHealdtown High School isikolo esaziwa njengeNxukhwebe. Ndazimisela kakhulu apho, ndaze ndathi ndakugqiba izifundo zam ndadlulela kwiYunivesithi yaseFort Hare. Ndandisendineminyaka engama-21 ngoko.

Masibhale

Bhala izivakalisi ezithathu malunga nezikolo awafunda kuzo uMandela. Ekugqibeleni chaza ukuba waya kweyiphi iyunivesithi. Qala izivakalsi ngala magama.

Okokuqala, xa ndandineminyaka esi-7, _____.

Ndathi xa ndineminyaka eli-16, _____.

Emva koko ndakube ndineminyaka eli-19, _____.

Okokugqibela ndakuba neminyaka engama-21, _____.



Masibhale

Kwitheyibhile ebhulowu, fakela iziganeko zobuntwana bukaNelson Mandela. Kwitheyibhile etyheli fakela iziganeko ezibalulekileyo ebomini bakho.

Ubudala	Iziganeko ezibalulekileyo ebuntwaneni bukaNelson Mandela
Ndazalwa ngowe-1918	
Ukusukela kwiminyaka emi-2	Wayehlala eMvezo. Wayedlala emabaleni.
7	
9	
16	
19	
21	

Ubudala bam	Iziganeko ezibalulekileyo ebomini bam
Ndazalwa	



Yenza isangqa kwizenzi (okanye amagama abonisa intshukumo) ezichanekileyo ezikwixesha eladlulayo.

Masibhale



Sithatha/Sathatha ubusi.
Iinyosi azisoze/azizange zindilume kuba ndandilumkile.
Xa kushushu sasiqubha/siqubha emilanjeni.
Sikhwela/sasikhwela amahashe.
Umama undifundisa/wandifundisa ukuba nobuntu.
Ngexesha ndisemncinci ndafunda/ndifunda ukukhalipha kutata.



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Iindawo awayehlala kuzo uNelson Mandela

Masifunde



Ngexesha ndiseyinkwenkwana ndandihlala kwilali yaseQunu. Elalini sasinemilambo ecocekileyo kunye neenduli eziluhlaza. Iigusha, iinkomo neebhokhwe zazizihambela nje. Kwakungekho zindlela zinkulu, yayiziindledlana nje zokuhamba ngeenyawo. Sasihlala kooronta bodaka. Sasinooronta abathathu. Omnye yayingowokuphekela, omnye ingowokulala ze omnye ube ngowokugcina izinto zethu. Sasidla ngokukha amanzi emlanjeni. Umama wayepheka ukutya ngembiza enemilenze emithathu. Sasisitya umngqusho oneembotyi, kwaye sasinobisi oluninzi silusenga ezibhokhweni nasezinkomeni.

Masenze

Funda umhlathi ongelali yaseQunu kwakhona. Krwela imigca phantsi kwezimvo ezibalulekileyo kuloo mhlathi. Ngoku, zoba umfanekiso waseQunu.

Masifunde

Ndathi ndakuba mdala ndaya eRhawutini. Apho ndahlala eAlexandra (sasisithi kuseAlex ngelifutshane). Ndamangaliswa yindlela elikhulu ngayo iRhawuti. Ubomi babahluke mpela apho. Umoya wawungqindilili ngumsi. Kwakuyingozi ukuhamba ngobusuku. Abantu babehlala kwizindlu ezincinci ezisikwere kwaye sasingenambane okanye amanzi aphuma etephini.

Noko kunjalo into endandiyithanda ngeAlex kukuba abantu babesuka kwiindawo ngeendawo kulo lonke. Babethetha iilwimi ezahlukeneyo. Abanye babethetha isiZulu, isiSuthu kunye nesiTsonga. Nangona iAlex yayahlukile kwiMpuma Koloni, ndandonwabile apho.

Masenze

Funda umhlathi ochaza iAlex kwakhona. Krwela umgca phantsi kwezimvo ezibalulekileyo kuloo mhlathi. Ngoku zoba umfanekiso osekelwe kwinkcazelo ekumhlathi lowo.

Ngoku bhala izivakalisi ezibini ukuchaza umfanekiso wakho.

Masithethe

- Chazela umhlobo wakho ukuba ikhangeleka njani iQunu neAlex.
- Mchazele umhlobo wakho indlela ezahluke ngayo ezi ndawo zimbini.

Masenze

Zoba umfanekiso wendawo ohlala kuyo.

Ngoku, bhala izivakalisi ezibini uchaze umfanekiso wakho.

Umhla:

Enkosi Madiba

Masibhale

UNelson Mandela wenze umsebenzi omninzi ukunceda abantwana abafana nawe. Wakhe izikolo ezininzi kunye nezibhedlele esenzela abantwana. Ubakhathalele kakhulu abantwana abangenabazali okanye abagula kakhulu.



Bhalela uNelson Mandela ikhadi lokumbulela ngezinto azenzileyo ukunceda abantwana beloMzantsi Afrika.

Kumphambili weli khadi zoba umfanekiso malunga nento ebuntwaneni bakhe. Ngaphakathi mbhalele umyalezo omnandi ombulelayo.

Ndiyabulela

Masibhale

Guqula ezi zivakalisi zibe zezangoku.
Zibhale kwixesha langoku.

Ndafunda kwisikolo saselalini.	
Sasiqubha emlanjeni.	
Inkwenkwe yakhwela idonki.	
Sasilala kooronta emakhukweni.	

Umdlalo

Ngubani oza kuyifumana kuqala indlu? Phosa imali elukhozo phezulu.
Ukuba ukufumana iintloko ungaya phambili iibhloko ezimbini.
Ukuba ufumama imisila ungaya phambili ibhloko enye ukuya endlwini.
Ofike kuqala endlwini nguye ophumeleleyo. Xa ufika egameni, kufuneka ulifunde.



Teacher
Date:
Sign:

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Ukukhathalela okusingqongileyo

Masithethe

Sonke sithanda ukuhlala kwindawo enempilo.

- Ingaba kukho iindawo ezimdaka kufuphi nalapho uhlala khona? Ingaba kukho umlambo ofuna ukucocwa okanye indawo apho kukho inkunkuma eninzi?
- Kungenziwa ntoni ukuze indawo ohlala kuyo icoceke?
- Ungenza ntoni wena?



Masifunde

Namhlanje uJabu ufunda inqaku lephephandaba elinomdla.

Umhlobo Wabantwana

25 Meyi 2013



UOmar Castilo oneminyaka elishumi uyakhalaza ngelithi isixeko saseMexico singcole kakhulu. Namhlanje ukhokela imatshi yezikhalazo (yoqhankqalazo) enkulu. Bamalunga nama-2 000 abantwana abaza kumatsha kunye naye. Uphethe ibhena ebhalwe “Musa ukutshabalalisa ihlathi elinemvula!” kuba wayeve into yokuba kuza kutshatyalaliswa elo hlathi.

UOmar wayecaphuke kakhulu yile nto. Wayesithi yayingumnqweno wakhe ukuba aye kweli hlathi ngenye imini kwaye wayesazi ukuba amahlathi anceda ekugcineni umoya ucocekile.

Wenza konke anakho ukulondoloza eli hlathi. Wade wabhalela nakuMongameli waseMexico, kodwa uMongameli lowo akazange amphendule. UOmar wabhala iileta ezine ngaphezu kwaleyo. Kodwa nangelo xesha uMongameli akazange amphendule.

Kwiveki ephelileyo uOmar wapakisha iihempe zakhe ezintathu, ibhrashi yamazinyo kunye nentwana yokutya kwibhegi yakhe yesikolo. Wavusa abazali bakhe wabachazela ukuba uza kuya kusindisa ihlathi. Utata wakhe wazama ukumnqanda esithi, “Eli hlathi likude kangange-1 400 km kwaye linobungozi!” Akunakuya apho. Kodwa uOmar wayesesithathile isigqibo. “Ndifuna elaa hlathi libekho xa sendimdala,” watsho. “Ndifuna nezilwanyana zonke zibe lapho nazo.”

Masithethe

- Lingabani eli bali?
- Kutheni ezikhathaza kangaka ngeli hlathi?
- Yintoni eyayingamonwabisanga uyise xa wayefuna ukuya kwelo hlathi?

Masibhale

Tshatisa amagama kunye nemifanekiso. Bhala amagama ngokulandelelana kwawo ngealfabhethi kwisichazi-magama sakho.

Ihlathi
Lingcolile
Linobungozi
Uqhankqalazo









Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Ukusebenzela ukulondoloza okusingqongileyo



Masibhale Funda inqaku uze uphendule imibuzo.



Wayesiva njani uOmar malunga nabantu abagawula imithi?
Ucinga ukuba kwakutheni aze azive ngolu hlobo?
Ucinga ukuba kutheni uMongameli engazange aziphendule iileta zakhe?
Sazi njani ukuba uOmar wayelikhathalele eli hlathi? Bhala izivakalisi zibe zibini ezisichazela ukuba wayekhathala.
Bhala izivakalisi ezibini ngento oyikhathaleleyo.



Masibhale Hlanganisa ezi zivakalisi. Sebenzisa **kwaye** no**kodwa**.



Isixeko iMexico sikhulu kakhulu		singcolile.
UJabu ufunda iphephandaba *Umhlobo wabantwana*		ufunde ngo-Omar.
UOmar wabhalela uMongameli iileta ezine		akazange afumane mpendulo
Wapakisha iihempe		zange apakishe iilekese
Wahamba umgama omde		Wayediniwe.





Masibhale

Yenza isangqa emagameni avakala ngokufanayo negama lokuqala.

vula	sula	bhala	hlala	khula
bheka	phila	senga	bhola	pheka
yima	gcina	yenza	lima	cima
isitovu	imbiza	isitofu	faka	ninzi
ngciba	gqiba	qubha	nika	bona



Masibhale

Fakela **waye-, babe-, zazi-, lwalu-, aye-**



UOmar _____khathazekile malunga nehlathi.
Wabhala iileta ezininzi eziya kuMongameli. Kodwa _____ ngaphendulwa.
UOmar _____dakumbile kwaye enomsindo yile nto.
Amahlathi _____balulekile kuye.
Uhambo _____yingozi. Bona _____ngafuni ahambe umgama omde.





Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Ukukhathalela amahlathi emvula

Masifunde



Amahlathi emvula akho kuzo zonke iindawo ezishushu nezifumileyo zelizwe. Izilwanyana ezininzi zihlala emahlathini kwaye zininzi nezityalo ezikhula apho. Kwihlabathi jikelele abantu bagawula amahlathi.
Xa egawulwe amahlathi, izilwanyana nezityalo ziyemka naphakade. Xa ihlathi elinemvula lingekho, imozulu iyatshintsha. Kufuphi nelo hlathi kuyoma. Kancinci-kancinci imozulu yehlabathi jikelele, kuquka noMzantsi Afrika iya kutshintsha.

Masiqonde

Bhala izinto zibe ntathu eziza kwenzeka xa ihlathi elinemvula ligawulwe.

1	
2	
3	

Masibhale

Funda isivakalisi ngasinye. Ukuba ucinga ukuba siyinyani, bhala **EWE** ecaleni kwaso. Ukuba ucinga ukuba asiyonyani, bhala **HAYI** ecaleni kwaso.

	E okanye H
UOmar wapakisha iilekese.	E
UOmar wawuhamba wonke umgama oya kwihlathi elinemvula.	
Ngamakhulu-khulu ezilwanyana ezahlukileyo ezihlala kwihlathi elinemvula.	
UMongameli waziphendula zonke iileta zikaOmar.	
Ukuba siyaligawula ihlathi elinemvula, imozulu iya kutshintsha.	



Masibhale

Sikunike impendulo. Bhala imibuzo. Sebenzisa la magama **phi**, **ubani**, **ntoni**. Khumbula usebenzise uphawu lokubuza.

Ihlathi elinemvula liseLimpopo.	Liphi ihlathi elinemvula?
Izilwanyana ezininzi zihlala kwihlathi elinemvula.	Ziintoni
Kukhula izityalo ezahlukeneyo kwihlathi elinemvula.	Yintoni
Abantu bagawula amahlathi anemvula.	Ngubani



Masibhale

Bhala elakho iphephandaba ngokukhathalela okusingqongileyo.

Igama lephephandaba

Umhla

Isihloko sebali

Bhala iindaba zakho apha.



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Amahlathi emvula kunye nemozulu



Masibhale

Krwela umgca phantsi kwegama elithetha into enye negama elibhalwe **ngqindilili**.

Akulunganga ukugawula amahlathi.	Kubi kakhulu ukugawula amahlathi.
UOmar **wayedakumbile** mhla abantu babegawula ihlathi.	UOmar wayengonwabanga mhla abantu babegawula ihlathi.
UOmar **wayenomsindo** akungaziphenduli iileta zakhe uMongameli.	UOmar wacaphuka akungaziphenduli iileta zakhe uMongameli.
UOmar wayengafuni **kutshatyalaliswe** izityalo kunye nezilwanyana ezisehlathini.	UOmar wayengafuni zife izityalo kunye nezilwanyana ezisehlathini.
Amahlathi **abalulekile** kwimozulu yethu.	Amahlathi ayimfuneko kwimozulu yethu.



Masibhale

Gqibezela ileta ebhalwe nguOmar eya kuMongameli.
Fakela amagama ashiyiweyo. Sebenzisa amagama asebhokisini.

mozulu iya kutshintsha nayo
londoloza ihlathi
gawula yonke imithi
ezihlala apho
ezikhula apho

Mongameli othandekayo

Ndicela uncedo. Ndibone kumabonakude ukuba abantu ba _____

kwihlathi lethu lokugqibela. Ndikhathazeke kakhulu yile nto.

Kuza kwenzeka ntoni xa sigawula yonke imithi? Izilwanyana _____

ziza kufa. Izityalo _____ ziza kufa. Umhlaba uza kuba lukhuni ze

kuthi xa kusina amanzi aqengqeleke nje angangeni emhlabeni.

I- _____ kwilizwe lonke jikelele.

Nceda _____ .

Ozithobileyo

Omar

Masibhale

Fakela iziphumlisi ezifanelekileyo kwezi zivakalisi.

UOmar wayefuna ukulondoloza izinambuzane ☐ izilwanyana ☐ imithi kunye neentyatyambo ☐

Ungahamba nam ukuya kwihlathi elinemvula ☐

Wakhwaza ☐ "Kufuneka ningagawuli imithi ☐ "

Wathi ☐ ☐ Tata ☐ ndicela uhambe nam. ☐

Umdlalo

Ziintoni ezi? Funda inkcazelo yezilwanyana ezahlukileyo. Jonga imifanekiso yazo uze uxele ukuba isilwanyana ngasinye siloluphi uhlobo. Bhala imizekelo yohlobo ngalunye lwesilwanyana ibe mithathu kule theyibhile.

Izilwanyana ezanyisayo (iimamali) Zinoboya kwaye zondla abantwana bazo ngobisi.	**Intlanzi** Iintlanzi ziphila emanzini kwaye ziphefumla ngeempefumla iigilizi.	**Iintaka** Iintaka zinamaphiko, iintsiba kunye nemilomo. Uninzi lweentaka luyakwazi ukubhabha.
Iiamfibhiyeni Ziphila emanzini ekuqaleni kobomi bazo ze emva koko ziphile emhlabeni.	**Izirhubuluzi** Izirhubuluzi zinamaxolo kwaye zizala amaqanda.	



Umkhondo: ihlengesi nomnenga ziimamali.

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Abantu abakhubazekileyo

Masithethe

- Kuthetha ntoni ukukhubazeka?
- Kukho umntu omaziyo okhubazekileyo?
- Ziintoni angenakuzenza umntu onjalo?
- Wena nabahlobo bakho niziva njani ngabantu abakhubazekileyo?



Masifunde

Igama lam nguSindi Solomon. Ndineminyaka eli-11 ubudala. Ndinesifo esichaphazela ukusebenza kobuchopho. Andikwazi ukusebenzisa iingalo nemilenze yam kakuhle. Xa ndifuna ukuya endaweni, ndisebenzisa isitulo esinamavili.

Ndihlala eCape Flats kwaye isikolo sam sikude. Kufuneka ndivuke ngentsimbi yesi-4 kusasa kuba ndilandwa yibhasi ngeyesi-6. Kufuneka ndibe nomntu ondincedisayo ukunxiba, ukuxukuxa nokuchaza iinwele, anditiyise isidlo sakusasa ze apakishe ibhegi yam.

Ndiyazithanda iikhompiyutha. Ndinemawusi eyodwa endincedayo ukubhala izinto ekhompiyutheni. Ndiyakuthanda nokudlala ibhola. Endaweni yokubaleka ndidlala ngebhola ngeli xa ndihleli esitulweni sam esinamavili.

Eyona nto ingandonwabisiyo kukuba abantwana bacinga ukuba abantu abafana nam bazizidenge kuba singakwazi ukuhamba kakuhle okanye singakwazi ukusebenzisa izandla kakuhle. Asizozidenge. Ndihlakaniphe kakhulu, kwaye xa ndigqiba ukufunda esikolweni ndifuna ukuba ngumcwangcisi-mali.





Masithethe

- Lingabani eli bali?
- Yintoni eyenza uSindi ahluke kwabanye abantu?
- Ufuna ukwenza ntoni akugqiba ukufunda?
- Yintoni le ingamonwabisiyo?







Masibhale

Tshatisa amagama angqindilili kwisivakalisi ngasinye kunye negama elifanelekileyo elingasekunene. Bhala la magama kwisichazi-magama (idikshinari) yakho.

USindi uhamba-hamba **ngesitulo esinamavili**.	Ibhola
Uya esikolweni **ngesithuthi esikhulu**.	Hlakaniphile
Ubetha **ngento engqukuva** ngeli xa ahleli esitulweni sakhe.	Isitulo esinamavili
USindi uyakwazi ukufunda izinto ngokukhawuleza, _____.	Ibhasi

Izibizo ngamagama ezinto, abantu naweendawo. Sisoloko sisebenzisa oonobumba abakhulu kumagama eendawo nawabantu. Loo magama kuthiwa zizibizo ngqo. Asibasebenzisi oonobumba abakhulu kumagama ezinto.

Bhala kwakhona onke amagama afanele ukuqala ngoonobumba abakhulu.



Masibhale

sindi	umthi	isikolo	pitoli

mexico	nksk ntuli	intyatyambo	itafile



Masibhale

mzantsi afrika	titshala

Krwela umgca utshatise amagama ashunqulelweyo angasekhohlo kunye namagama angasekunene.

Isit.	Kusasa
Ind.	Agasti
Aga	Indlela
Sept	Septemba
Kus.	Isitalato





Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Imini kaSindi

Masibhale



Uhlala phi uSindi?
Sesiphi isifundo asithanda kakhulu?



Masibhale

Dibanisa iinxalenye ezifanelekileyo ukwenza isivakalisi. Sebenzisa la magama: **kwaye, kodwa, kuba**.

USindi uyafana nam nawe	akakwazi ukusebenzisa izandla zakhe kakuhle.
Uya esikolweni ngebhasi	ufuna ukuba ngumcwangcisi-mali akugqiba ukufunda.
Uyadakumba xa abantu bemhleka	uvuka kwangethuba ukuze akwazi ukufumana ibhasi.
USindi uhlakaniphile	akakwazi ukuhamba.



Masibhale

Gqibezela ezi zivakalisi ngokukhetha igama elifanelekileyo. Fakela u-**u** kanye **ba**.



USindi _____ neminyaka elishumi elinanye. Ukhubazeke ebuchotsheni.

Uhlala eCape Flats kwaye_____ yakuvuyela ukuya esikolweni.

Yena nabahlobo bakhe _____ ziincutshe ekusebenziseni ikhompiyutha.

_____ yakhathazeka xa abantu bengabahloneli.

USindi _____ funa ukufunda izifundo zocwangciso-mali njengoko eyincutshe yamanani.

USindi _____ thanda incwadi. Uyakuthanda kakhulu ukufunda.



Masithethe

- Ingaba ukuthanda kakhulu ukufunda? Uyakonwabela ukufunda?
- Thetha ngencwadi oyifundileyo waza wayonwabela kakhulu.
- Chazela abahlobo bakho ukuba kutheni ucinga ukuba kufuneka bayifunde loo ncwadi.

Masibhale

Bhala ngencwadi oyithandileyo. Fakela ulwazi eluqweqweni.

Zoba uqweqwe lwangaphambili.

Itayitile

Umbhali



Bhala izivakalisi ezithathu malunga nomxholo wencwadi oyifundileyo.

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Singanceda njani

Masifunde

Kwilizwe lonke jikelele abantu abatsha abafana nawe banceda abo bafuna uncedo lwethu. Funda apha ngezantsi malunga nabantwana abanceda abanye abantu.

UJabu oneminyaka eli-11 ubudala

UJabu uphangelela iSPCA. Rhoqo ngempelaveki uncedisa ekutyiseni izinja neekati ezilahlekileyo.

Yena nabahlobo bakhe bayathanda ukukhathalela izilwanyana de zifumane amakhaya.



UAnn uneminyaka eli-12 ubudala

UAnn usebenza kuMnqamlezo obomvu (Red Cross). Ufunda uncedo lokuqala. Uza kuba nakho ukunceda abantu abonzakeleyo. Ufuna ukunceda kwezemidlalo. Uza kusoloko esebenza nomntu omdala.



USindi uneminyaka eli-11

USindi uyincutshe kumsebenzi wekhompiyutha. Ubonisa abantwana abancinci indlela yokusebenzisa ikhompiyutha.



UBongi uneminyaka engama-20

Rhoqo ngoMvulo uBongi uncedisa utitshala ekujongeni abantwana abasala emva kwemini. Uncedisa ngokuqinisekisa ukuba bayawenza umsebenzi wesikolo. Uyabafundela aze ababukele xa bedlala.





Masibhale Gqibezela le theyibhile.

Igama	Ubudala	Unceda nini?	Wenza ntoni?
Jabu	11	NgoMgqibelo nangeCawa	Utyisa izilwanyana.

Bhala izivakalisi ezi-3 malunga nento onokuyenza ukunceda abanye abantu.



Masibhale Nazi izinto ezifunwa ngabantu kubahlobo babo. Babaluleke kangakanani kuwe? Nika inani ukusuka ku-1 ukuya kwi-10 kwinto nganye. Qala ngo-1 kweyona nto ibalulekileyo ze unike i-10 kweyona ingabalulekanga.

mhle	
womelele	
utyebile	
iimpahla ezintle	
usisityebi	

unobuntu	
uhlakaniphile	
uyahleka	
uyincutshe kwezemidlalo	
ubhityile	



Umdlalo Yenza ezi zibalo zamazwi.

Inqwelo + moya = inqwelomoya

iphepha + indaba = _____

bona + kude = _____

phila + sande = _____

vuma + phika = _____



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Sonke kufuneka silawule ixesha lethu



Masibhale

Yenza imephu yesigcawu ukubonisa indlela oyichitha ngayo imini. Sebenzisa amagama angezantsi.
Zalisa izikhewu.













esikolweni	izifundo zesikolo	ixesha lokuphumla	izilwanyana ezingabahlobo
ifilimu	ootitshala	umsebenzi wasekhaya	ezemidlalo



Masibhale

Bhala izivakalisi ezihlanu malunga nendlela oluchitha ngalo usuku lweveki.
Sebenzisa okubhale kwimephu ozenzele yona.

Masibhale

Kwisivakalisi ngasinye, krwela umgca phantsi kwegama elithetha into enye nelo libhalwe **ngqindilili**. Sikwenzele elokuqala.

Ndiyam**thanda** udadewethu kwaye ndiyamhlonela umnakwethu.
Kubanda kakhulu eKapa ebusika, kwaye kuvuthuza umoya oqhaqhazelisayo.
Ndiyavuya kwaye nabahlobo bam bonwabile.
Ndiyagqwesa emananini kwaye ndiyincutshe ekuqubheni.
USindi **uza kufunda** izifundo zocwangciso-mali kwaye uza kuqeqeshelwa nemathematika.

Umdlalo

Gqibezela eli xesha uqale ngonyaka owazalwa ngawo. Emva koko cingela ixesha elizayo uze ufakele zonke iziganeko zobomi bakho.

Ukuzalwa	Ndazalwa ngo-20___
20___	
2020	
2030	
2040	
2050	
2060	







Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Amawele

Masithethe

- Ungathanda njani ukuba unokufana nqwa nodade wenu okanye umnakwenu?
- Ucinga ukuba kulula okanye kunzima ukuba namawele kusapho lwakho? Yitsho ukuba kutheni.





Masifunde

UNozipho noNozizwe ngamawele afana nqwa. Bahlala eBhayi. Bazalwa ngomhla wama-29 Febhuwari 2000 kwaye bakwibanga lesi-4. UNozipho noNozizwe benza yonke into kunye. Bafunda kwiklasi enye. Banxiba iijini ezifanayo ezibhulowu. Baneenwele ezifanayo ezimdaka ngebala. Bayafana. Banetshiki bobabini. Abantu bayathanda ukubaphazamisa. Ibahlekisa kakhulu ke loo nto.

Ootitshala soloko bebabhidanisa esikolweni. Yinto emnandi ke kubo leyo nebangela intsini eklasini. Maxa wambi utata wabo uyohluleka ukubahlula. Akunjalo kumama wabo. Yena ubazi nqo. La mawele akhe azame ukumbhida kodwa ayohluleka. La mawele anodade wawo omdala kunawo otshatele kumfama weevatala. Yena akakwazi ukubohlula. Sede wancama ukuba angaze abazi.

Banabahlobo abanye ababababhidanisayo nabo kodwa le nto ayibakhathazi uNozipho noNozizwe. Bazithanda njengoko benjalo.

Ngantsasa ithile bakube begqibe bonke ukutya isidlo sakusasa esinempilo, utata wabo wabacela ukuba banxibe iimpahla ezingafaniyo ukuze akwazi ukubohlula. "Hayi," atsho amawele. "Siyakuthanda ukufaniselana. Kuba mnandi kakhulu xa abantu bengakwazi ukusahlula. Phofu thina siyazazi ukuba singoobani, asiyonto ebalulekileyo leyo? Kunjani xa sithetha ngohambo lwethu lwasefama ukuya kubona uNandi eLimpopo? Uthe uyalulangazelela utyelelo lwethu kwaye sikuthanda kakhulu ukutya ivatala."

Masithethe

- Lingabani eli bali?
- Kutheni ucinga ukuba abantu bayababhidanisa lonke ixesha?
- Aziva njani amawele malunga nento yokuba abantu bewabhidanisa ngalo lonke ixesha?
- Kukho amawele owaziyo? Ukuba kunjalo, chazela iklasi malunga nawo.

Masibhale

Bhala amagama alandelelane ngokwealfabhethi.
Ikholamu nganye mayibe namanani ukusuka ku-1 ukuya kwisi-5.
Bhala la magama kwisichazi-magama sakho.

__ hlala	__ ivatala	__ amawele
__jonga	__ yenza	__ bini
__ ngathi/thanda	__ kufuneka	__ xesha
__ khangela	__ Mvulo	__ vavanya
__ hleka	__ amadoda	__ themba

Ingaba mna ndiyenza?
Ingaba wena uyenza?
Ingaba siyenza?
Ingaba bayenza?
Ingaba abantwana bayenza?
Ingaba yena uyenza?
Ingaba inja iyenza nayo?
Ivatala yenza ntoni?
UAnne noJabu bayenza?

Masibhale

Khetha igama elifanelekileyo.

Ingaba niyakuthanda/uyakuthanda ukutya iziqhamo?
Ingaba ivatala zikhula/ikhula ngaphezu komhlaba?
Ingaba umama uyavumelana/bayavumelana noku?
Kufanele ukuba nzima ukuba liwele elifana nqwa? Ingaba amawele akwacinga/likwacinga njalo?
U/Bacinga ukuba utata kaNozipho nonoZizwe uyakwazi ukubohlula?

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Ukufana nokwahluka



Masithethe

- Babizwa njani abantu abafana twatse?
- Mingaphi iminyaka kaNozipho noNozizwe?
- Zingaphi iintsuku ezikuFebhuwari?
- Kutheni lubalulekile nje usuku azelwe ngalo amawele?
- Ukuba ububazi uNozipho noNozizwe, ngowuphi obeya kuba ngumhlobo wakho? Yitsho ukuba kutheni.
- Uyakunqwenela wena ukuba liwele? Ngoba?



Masibhale Fakela amagama achazayo.



Ahlukileyo	nenkani	fana twatse	bhulowu	nempilo

Amawele anxiba impahla efanayo.

Neejini zawo ezi_____ bezifana.

La mawele _____ ebekuthanda ukuba

kunye eklasini.

Amawele _____ abasezingxakini

ezininzi ngamanye amaxesha esikolweni.

Amawele amaninzi awafani; ngabantu

aba_____.

Usapho ludla ngokutya isidudu kunye neziqhamo kwisidlo sakusasa – isiqalo semini esi _____.





Masibhale

Guqula izivakalisi kwixesha **eladlulayo** zibe kwixesha **langoku**.
Qala isivakalisi ngasinye ngon**amhlanje**.

Abantwana babegeza.
Namhlanje abantwana
Amawele ayefuna ukundwendwela udade wawo efameni yakhe.
Namhlanje
UNozipho noNozizwe baye esikolweni ngebhasi.
Namhlanje
Utata wabo wabaxelela ukuba banxibe iimpahla ezahlukileyo.
Namhlanje



Masibhale

Bhala ngokutsha lo mhlathi. Fakela oonobumba abakhulu, iikhoma kunye noonongxi.



Ngowama-2000 kwazalwa amawele unozizwe nonozipho ebhayi babengamawele afana nqwa bakhulelela empuma koloni baze bafunda khona babenxiba iimpahla ezifanayo neenwele ezifanayo kwaye bethanda abahlobo abanye babedla ngokuchitha iholide yabo kwifama kadade wabo elimpopo.



Umhla:

Ubomi basefama



Masibhale Bhala ileta uxelele umhlobo wakho ngeholide yakho efama.



Bhala idilesi yakho apha .....

.....

.....



.....

Bhala umhla apha .....



Bongi othandekayo .....







..... Bhala isiphelo sakho apha

..... Bhala igama lakho apha



Masibhale

Yenza isangqa kwigama elifanelekileyo.

Iivatala ezidibeneyo i/zinqabile
UNandi u/balima ivatala efameni yakhe.
Mna ndi/siyathanda ukutya iivatala ezinamanzi.
Amawele li/athatha iceba elikhulu levatala.

Masibhale

Tshatisa imifanekiso kunye namagama.

Iivatala zikhula kakuhle emhlabeni oyisanti nakwiindawo ezishushu. Kufuneka ube nomhlaba omkhulu ukuze ulime iivatala.	
Gquma iibhedi ngengca ukugcina umhlaba upholile kwaye ufumile.	
Nkcenkceshela imiqolo ukuze umhlaba uhlale ufumile.	
Ivatala yakho ilungele ukuvunwa ukuba uthi wakuyibetha kuvakale ngokungathi akukho nto ngaphakathi.	

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Ukulungiselela ukubhala incwadi

Masibhale

Lungiselela ukubhala elakho ibali.
Bhala izimvo zakho kule mephu.

Uluvo ngentshayelelo





Limalunga nantoni ibali?

Uza kuliqukumbela njani ibali lakho?

Uluvo ngombindi webali

Bhala ibali lakho ephepheni. Cela umhlobo wakho akuncede alungise iziphene. Sika iphepha elilandelayo.
Songa iphepha emigceni. Bhala okufunwayo kwiphepha langaphambili wandule ukubhala ibali lakho encwadini.

UQWEQWE LWANGASEMVA

Rainbow WORKBOOKS

MALUNGA NOMBHALI

Bhala igama lakho

Iminyaka yakho

Uhlala phi

8

INYATHELO LESI_4: Sika emgceni emva kokudibanisa incwadi yakho.

UQWEQWE

Zoba umfanekiso apha.

Bhala itayitile yencwadi apha.

Bhala igama lakho (ungumbhali).

1

INYATHELO LOKU_1: Goba kumgca wamagcaphaza

INYATHELO LESI_2: Goba emgceni wamachaphaza

INYATHELO LESI_3: Qhobosha kweli cala

5

Qhubeka nebali lakho.

Zoba umfanekiso apha.

4

Bhala umbindi webali lakho apho nakwiphepha lesi-5.

Zoba umfanekiso apha.

Zoba umfanekiso apha.

Qalisa ukubhala ibali lakho apha nakwiphepha lesi-3.

2

Zoba umfanekiso apha.

Gqibezela ibali lakho.

7

Zoba umfanekiso apha.

3

Qhubeka nebali lakho.

Zoba umfanekiso apha.

6

Bhala ukuba kwenzeke ntoni ekupheleni kwebali.

Zoba umfanekiso apha.



2





















Ikarati

Umhla:

Masithethe

Jonga emifanekisweni uze uthethe ngokubonayo.

- Loluphi uhlobo lomdlalo odlalwa ngaba bantwana?
- Yeyiphi imithetho esekelwe umdlalo ngamnye?
- Ucinga ukuba kubalulekile ukuba abantu abatsha bafunde ukuzilolonga? Ngoba?










Masifunde

Ibali likaSipho



Ndaqala ikarati ndineminyaka elithoba. Umnakwethu wandithatha sayokubukela ikarati kwiholo yecawe eMonti eMpuma Koloni ndaze ndacinga ukuba ndingayithanda. Emva koko ndazibandakanya neli qela.

Ndandiqhuba kakuhle. Ndaphumelela ubuntshatsheli amaxesha amaninzi. Kukhuphiswano lokugqibela lobuntshatsheli ndathatha inxaxheba kwabanobunzima obungaphantsi kwama-45 kg nama-55 kg. Ndaphumelela kulo lonke olo khuphiswano. Kwakunzima. Amakhwenkwe amaninzi kukhuphiswano lwabangaphantsi kwama-55 kg ayemadala kwaye emakhulu kunam. Kodwa ndawoyisa onke.

Ikarati indifundise ukuba ndizikhathalele mna kunye nabanye. Indifundise nokuba ndingaze ndiqale umlo.





USipho wenza konke okusemandleni ukuba azigcine esempilweni. Ubaleka umgama ongange-5 km yonke imihla. Wenza nemithambo emininzi. Le mithambo wayifumana kwincwadi awayeyifumene kwithala leencwadi.

USipho ufuna ukumela uMzantsi Afrika kuKhuphiswano lobuntshatsheli lweKarati yeliZwe jikelele. Kodwa kufuneka aphucule izakhono zakhe kuqala ngokuthi afumane uqeqesho eJapan.



Masibhale

Funda ibali likaSipho wandule ukuphendula le mibuzo.



Masithethe

- Lingabani eli bali?
- Loluphi uhlobo lomdlalo aludlalayo?
- Ingaba wena uyayithanda ikarati? Ngoba kutheni?
- Ingaba kufuneka uziqeqeshe kakhulu ukuze wenze ikarati?

Uhlala kweyiphi idolophu uSipho?
Sazi njani ukuba uSipho uyidlala kakuhle ikarati?
Uzigcina njani esempilweni uSipho?
Kutheni le nto uSipho efuna ukufumana uqeqesho eJapan?





Umhla:

USipho uphumelela ukhuphiswano lobuntshatsheli



Masibhale Dibanisa ezi zivakalisi. Sebenzisa u-**kwaye, ndaze okanye, kodwa**.

Umnakwethu waya kundibonisa abantwana abadlala ikarati. Ndagqiba kwelokuba ndizibandakanye nelo qela.

Ndandiyidlala kakuhle ikarati. Ndaphumelela kukhuphiswano lobuntshatsheli amaxesha amaninzi.

Amanye amakhwenkwe ayemakhulu kunam. Ndawabetha.

USipho uziqeqesha ngokuzimisela. Wenza imithambo emininzi.



Masifunde Idayari kaSipho yanamhlanje.

Dayari ethandekayo

Namhlanje bendikhuphisana noJabulani Smith. Bendisoyika kakhulu. Khange ndilale ngephezolo kuba bendicinga ngendlela ebekuza kuba nzima ngayo. UJabu mdala kunam. Ngaphezu koko ukwamkhulu!

Ndandisoyika ukungena kwam eholweni. Yayingathi kukho into exuxuzela emathunjini. Intliziyo yayibetha ngamandla kangangokuba ndandiba wonke umntu uyayiva xa ibetha. Amadolo ayegevuzela.

Ndakube ndiphumelele imbasa, ndaziva ndimil'amaphiko. Ndandivuya kakhulu.

Sipho





Masibhale

Bhala kwidayari yakho.
Bhala malunga nexesha owawusoyika ngalo.

Masibhale

Isininzi simele into eninzi engaphezu kwesinye. Fakela igama lesininzi elifanelekileyo kwisibizo ngasinye.



Nye (isinye)	ngaphezu kwesinye (isininzi)
inkwenkwe	amakhwenkwe
umthambo	
ithala leencwadi	
incwadi	
ubuntshatsheli	

Masibhale

Khetha igama elifanelekileyo.



USipho waqala ukwenza ikarati xa **eneminyaka/beneminyaka** elithoba

Wayedlala/Babedlala kakuhle ikarati waze waphumelela imilo emininzi.

Amakhwenkwe amaninzi awayesilwa nawo **ayemadala/wayemdala** kwaye emakhulu kunoSipho.

Imilo emininzi **wawunzima/yayinzima** kuSipho kodwa wayiphumelela.



Umhla:

USipho ujongene nabaxhaphazi

Masifunde









Masithethe

Thethani ngale mibuzo kwiqela lenu.

- Kutheni kungalunganga ukuba inkwenkwe ixuthe ugqaphu wamantombazana?
- Kukho abaxhaphazi obaziyo?
- Ungenza ntoni xa omnye umntu ekuxhaphaza?
- Ucinga ukuba uSipho wathini kule nkwenkwe inkulu? Bhala isivakalisi sakho kweli qamza lentetho. Sikwenzele umzekelo.

Masibhale

Bhala isivakalisi sibe sinye ngomfanekiso ngamnye.



Masibhale Bhala elona gama lifanelekileyo.

Ikarati	umnakwethu	ubuntshatsheli	mbasa	amakhwenkwe	abahlobo	abanye

Igama lam nguSipho. Ndimncinci ngesiqu. Maxa wambi _____ amakhulu kunam aqala umlo kunye nam. _____ babedla ngokundinceda kodwa ndandifuna ukuzilwela. Ngoko ke ndahamba no _____ ukuze ndifumane izifundo ze _____. Ndandifuna ukuqonda ukuba ndiyayithanda na. Ndayithanda. Yaba yinto engummangaliso leyo. Ndaqalisa ukufumana uqeqesho. Ndafumanisa ukuba ndingazinceda xa amakhwenkwe amadala kunam efuna ukulwa nam. Ndandiza kukwazi nokunceda _____. Emva kweenyanga ezimbalwa ndangenela _____. Ndaphumelela ndafumana i _____.



Masibhale Guqula ezi zivakalisi **zikwixesha eladlulayo** zibe **kwixesha langoku**.

Ikarati **yandifundisa** ukuba ndizijonge ngokwam.
Ikarati **indifundisa** ukuba ndizijonge ngokwam.
USipho **wathathwa** ngumnakwabo **wayokubukela** ikarati.
USipho **wayithanda** ikarati.
USipho **waphumelela** imilo emininzi.



Umhla:

Okunye ngekarati



Masibhale Fakela amagama akuchazela kabanzi ngesenzi.
Bhala la magama kwidikshinari yakho.

rhoqo	ngokukhalipha	kamsinya	ngobulungisa

Inqaku
Izenzi ngamagama anentshukumo

Umnakwethu wandifundisa ukulwa _____ .

Sasisoloko sifika kwimilo _____ .

Sasisilwa _____ kwimilo yethu .

Ndandisiya kwizifundo zam zekarati _____ .





Masibhale Nombola ezi zivakalisi ngokulandelelanayo.

	Ekugqibeleni, ndakwazi ukunceda abahlobo bam nesiqu sam.
	Ndaphumelela iinkuphiswano ezinkulu.
	Umnakwethu wandichazela ngekarati.
	Okokuqala ndabhalisela izifundo zekarati.
	Ndandimncinci kakhulu ndingakwazi ukuzinceda.
	Emva kweenyanga ezimbalwa ndaba yincutshe.



Masibhale

Tshatisa izivakalisi kunye nemifanekiso.
Bhala isivakalisi esifanelekileyo kwiqamza lentetho.

1. Ndiyayithanda imoto yam entsha. Enkosi Mama.
2. Ezo zifundo zekarati zanceda ngokwenene!
3. Masithathe imoto yakhe. Singamenza akhale!







Bhala umhlathi ngokubona emifanekisweni.

Umdlalo

Khangela iimahluko ezilishumi kule mifanekiso mibini.
Yibonise ngesangqa. Chazela umhlobo wakho indlela
owahluke ngayo umfanekiso wokuqala kowesibini.





Teacher
Date:
Sign:

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Iimbaleki zasezintabeni zaseKenya

Masithethe

Jonga imifanekiso ekweli bali uze utsho okucingayo malunga nomxholo webali.

- Kutheni ucinga ukuba kubalulekile nje kwiimbaleki ukuzilolonga ngokuzimisela?
- Ubusazi na ukuba iimbaleki kufuneka zityе ukutya okukodwa? Ngoba kutheni?

Masifunde



Iimbaleki zasezintabeni zaseKenya

UJoseph Kibor ngowaseKenya. Wathi esemncinci wanezinto ezimbini ezinexabiso. Enye yezo zinto yayiyibhokhwe. Eyesibini ikukukwazi ukubaleka umgama omde ngokukhawuleza.

Ngowe-1988 kwafuneka ukuba uJoseph abe nento ayincamayo. Wayefuna ukuya kukhuphiswano apho kwakuzokonyulwa iqela elaliza kumela ilizwe lakhe. Olu khuphiswano lwalubanjelwa eNayirobi kwaye uJoseph wayengenayo imali yokuya apho. Kwanyanzeleka ukuba athengise ibhokhwe yakhe ukuze akwazi ukuya eNayirobi.

Wabaleka kukhuphiswano lomgama weemitha ezingamawaka ali-10 ngeenyawo kunye noshoti odlakadlaka. Waphumelela kwindawo yesithathu apho.

Namhlanje iimbaleki zaseKenya ziphumelela ngakumbi kukhuphiswano lwemigama emide kuneembaleki ezivela kwamanye amazwe. Kutheni iKenya ineembaleki eziphambili olu hlobo?



Abanye bathi kungenxa yokuba ukubaleka lolona hlobo lwesithuthi olukhoyo. Abafana bavuka kwangonyezi lingekaphumi ilanga babaleke ukuya emsebenzini. Amakhwenkwe abaleka imigama emide ukuya nokubuya esikolweni. Ezinye iinzululwazi zikholelwa ekubeni iimbaleki ezikhula





ezintabeni zingabaleka ixesha elide zingadinwa kuba ayininzanga ioksijini elapho. Oku kuthetha ukuba iintliziyo zazo kufuneka zisebenze ngamandla nto leyo ezenza izihlunu zentliziyo zomelele.

Ezinye iinzululwazi zicinga ukuba ezi mbaleki zibaleka kakuhle kuba zityа ukutya okunempilo kakhulu njengombona, iimbotyi, imifuno kunye nenyama.

Kodwa eyona nto enokunceda abantu baseKenya kakhulu yindlela abacinga ngayo malunga nokubaleka kwabo. Omnye weembaleki zaseKenya wathi, "Ukuba awuphumelelanga namhlanje ngokuqinisekileyo uya kuphumelela ngomso. Kwabo bangaphumelelanga kubakho ulwaneliseko lokubona ugxa wakhe ephumelela."



Masithethe

- Lingabani eli bali?
- Bathatha inxaxheba koluphi uhlobo lwezemidlalo?
- Ingaba wena ungathanda ukuthatha inxaxheba kwezeembaleki? Ngoba kutheni?
- Uthatha inxaxheba koluphi uhlobo lwezemidlalo esikolweni? Kutheni usenza loo nto nje?



Masibhale



Tshatisa imifanekiso namagama avakala ngokufanayo asezibhokisini.

ibhokhwe	ilanga	inyama	isikolo

ibhotwe

imbongolo

inyanga

ilanga

isikhoko

ilali

umntwana

ibhotolo









gqiba

ibhola

amazwe

isonka

ilaphu

phatha

isikolo



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz



Umhla:

UJoseph imbaleki ephambili



Masibhale

Uhlala kweliphi ilizwe uJoseph?
Yayixabiseke ngabuni italente yakhe yokubaleka?
Yayixabiseke ngantoni ibhokhwe kaJoseph?
Nto zini ezintathu ezenza iimbaleki zaseKenya zibe zezona mbaleki ziphambili kwimigama emide ehlabathini? Izinto ezintathu zezi:
1.
2.
3.



Masibhale

Abantu babhala ngeemvakalelo zabo eziyimfihlo kwiidayari zabo. Zicingele ukuba unguJoseph. Bhala malunga nendlela owaziva ngayo mhla wanyanzeleka ukuba uthengise ibhokhwe yakho.

Dayari ethandekayo

Namhlanje kuye kwafuneka ndenze eyona nto yakhe yanzima.







Masibhale Krwela umgca kwigama elalatha indawo kwisivakalisi ngasinye.

isihlomelo sendawo ligama elixela indawo ekuyo into.

Akukho zimoto kwiintaba zaseKenya.
Abantwana behla besenyuka amaqhina yonke imihla.
Ibhokhwe ilele phantsi komthi.
UJoseph wathatha ibhokwe yakhe wayisa emalikeni.





Masibhale Fakela la magama kwizivakalisi ezingezantsi.

ngaphakathi	ngaphezulu	ngaphaya	phezulu, bavuka	phantsi, zihle

Iimbaleki ziyomelela xa zibaleka zisiya _____ ziphinde

_____ amaqhina.

Abantwana _____ kwangethuba ukuze baye esikolweni.

Iimbaleki ezininzi zihlala _____ kweentaba eKenya?

Tsiba _____ komlambo ukuze iinyawo zakho zingabi manzi.

UJoseph wakhwela _____ kwinqwelomoya.



Umhla:

UJoseph wenza isophu yemifuno enempilo

Masifunde

UJoseph uziphekela isophu yemifuno enempilo.

Isophu yemifuno

Okufunayo

3 amacephe eoyile
1 itswele
3 iminqathe
½ yekomityi yeembotyi ezomileyo
2 iitisipuni zetyiwa
1 ilitha yamanzi



Omawukwenze

Galela iimbotyi emanzini zihlale ithutyana.
Chuba iminqathe ze uyinqunqe ibe ngamacetyana.
Nqunqa itswele.
Galela ioyile embizeni.
Qhotsa itswele kunye neminqathe.
Galela iimbotyi, amanzi kunye netyiwa ze ubilise de iimbotyi zithambe.

Yitya uyonwabele.

Masibhale



Yeyiphi imifuno ayisebenzisileyo uJoseph ukwenza isophu yemifuno?

Usebenzise iitisipuni ezingaphi zetyiwa?

Usebenzise ioyile engakanani?



Masibhale

Jonga le resiphi. Fakela igama elifanelekileyo kwisivakalisi ngasinye. Bhala la magama kwidikshinari yakho.

faka emanzini	qhotsa	bilisa	sika	nqunqa

_____itswele.

_____iimbotyi ezomileyo.

_____iminqathe.

_____isophu.

_____amatswele abe ngamaqhekeza amancinci.





Masibhale

Bhala iresiphi yento okwaziyo ukuyenza.

Iresiphi ye-

Endikufunayo

Ekufuneka ndikwenzile







Umhla:

Okunye ngoJoseph

Masithethe

- Chazela umhlobo wakho indlela yokwenza isophu kaJoseph.
- Bhala ke ngoku izinto ekufuneka uzenzile.
- Bhala izivakalisi ngokulandelelana kwazo.



Masibhale

Okokuqala
Okwesibini
Okwesithathu
Okwesine
Okokugqibela



Masibhale

UJoseph ufuna ukubhalela umnakwabo ambalisele ngohambo lwakhe lwaseNayirobhi. Mncedise ayibhale. Sebenzisa la magama.

ibhokhwe yam	othandekayo	ngothando	Kenya
ndaphuma isithathu	ooshoti abadlakadlaka	phinda ndiyithenge	isikhululo seenqwelomoya
izolo	ngeenyawo	ukhuphiswano lwe-3 000 m	

Paul _____

Ndifike eNayirobhi_____. I-_____ sikhulu kakhulu kwaye bendinendawo eyoyikayo. Kodwa bendivuya kakhulu.

Ngentsasa yanamhlanje ndibaleke_____. Bekunzima kum. Zonke ezinye iimbaleki bezineempahla zokubaleka ezifanelekileyo. Mna bendibaleka _____ nango_____nesikipa sam esikrazukileyo.





Eyona nto ibe mnandi kukuba_____! Loo nto ithetha ukuba ndiza kuya kubalekela _____.

Bekufanelekile ukuba ndiyithengise _____. Mhlawumbi ukuba ndinokuqhuba kakuhle ndifumane imali ndinga_____.

_____

Joseph



Umdlalo

Bhala ikhadi uvuyisane nomntu oqhube kakuhle kwezemidlalo esikolweni. Bhala umyalezo owodwa ngaphambili ekhadini. Zama kangangoko ukubhala ngesandla esihle. Bhala ke ngoku umyalezo owodwa wovuyiswano ngaphakathi.









Ukuqubha

Umhla:

Masithethe

Jonga isaziso esingezantsi.

- Yintoni isaziso?
- Zisetyenziswa nini izaziso?
- Kutheni le nto kufuneka abantwana banxibe ityhubhu okanye amaphiko amanzi xa bengakwazi ukuqubha?
- Kutheni kucelwa abantwana bajikeleze idama?

ISAZISO

KUBANTWANA BONKE

Nceda unxibe ityhubhu okanye amaphiko amanzi ukuba akukwazi ukuqubha.

Qinisekisa ukuba unomntu omdala. Hamba ujikeleze idama ngasekupheleni kwalo.

Musa ukubaleka

Masifunde

Tshona okanye qubha

Dyumpu! UThembi watsibela emanzini apholileyo nacocekileyo. Wehla waya enzulwini zade iinyawo zakhe zafika emazantsi omlambo. Waphinda wenyuka ngokukhawuleza ukubuyela phezulu kwakhona. Ukuphuma kwakhe emanzini wabizela umoya omninzi waze waya kuqubha kwelinye icala lomlambo.

Uyakwazi ukuqubha wena? Kumnandi kakhulu ukuqubha ngakumbi ngemini eshushu. Kodwa kukwayingozi kakhulu. Rhoqo ngonyaka kukho abantu abatshona elwandle, emilanjeni, emachibini nasemadamini. Nomntu okwaziyo ukuqubha angafumana ubunzima ukuba akalumkanga. Khumbula, asifani namadada, asizalelwanga ukuqubha.



Kufuneka sikufunde.

Nazi iingcebiso ezinokukunceda usinde.

Lumka kwindawo oqubha kuyo. Ngalo lonke ixesha qubha emanzini acocekileyo. Qaphela iibhotile ezaphukileyo neetoti. Lumkela amatye kunye neengcambu zemithi.

Ungaze uqubhe wedwa. Ukuba ufumana inkantsi emlenzeni, kuya kuba nzima ukuphuma emanzini xa uwedwa.

Xa kukho isiphango, phuma emanzini. Amanzi anomtsalane embaneni.

Ukuba ufumanisa ukuba akufiki ezantsi kwaye usengxakini, sukuphakamisa izandla zakho ngamandla ukhwaze ukufuna uncedo. Lala ngomqolo uphefumle kakuhle uzolile.

Ukuba kukho abantu abaninzi emanzini, lumkela umntu omkhulu kunawe angakugili. Lumkela ukunyathela omnye umntu okanye ukutyhala abantu.

Ukuqubha kuba luyolo xa sikhathala!



Masithethe



- Lingantoni eli bali?
- Kutheni le nto kufuneka silumke xa siqubha emlanjeni?
- Uyakwazi na ukuqubha? Ukuba akukwazi, uyafuna ukufunda? Ngoba kutheni?
- Kutheni le nto kubalulekile ukuba ungaqubhi uwedwa?



Masibhale

Bhala la magama ngokulandelelana kwawo ngokwealfabhethi.
Nombola ikholamu nganye ukusuka ku-1 ukuya kwisi-3.
Bhala la magama kwisichazi-magama sakho.

___ qhuba	___ dyumpu	___ delela
___ qubha	___ dada	___ lumkela
___ qiqa	___ deda	___ qaphela





Umhla:

Ukuqubha ngokukhuselekileyo



Masibhale

Funda kwakhona ibali wandule ukubhala izinto ezi-3 ekufuneka sizenzile ukuze sikhuseleke xa sisemanzini.



1.
2.
3.

Igama elithi "isilumkiso" elisebalini lithetha ntoni?

a) ingcebiso
b) inkcochoyi yentaba
c) imali oyinika umntu okuncedayo

Kuthetha ntoni ukuthi "uhlale uphila"

a) ukuzikhupha enkathazweni
b) ukuphefumla umoya odlamkileyo
c) ukugcina umzimba wakho usemanzini



Amadada adalelwe ukwenza ntoni?



Masibhale

Tshatisa igama kunye nesandi elisenzayo.

A	B
umbane	dyumpu
ibhasi	wuu-uuu
amanzi	lenye
umoya	bham
umpu	dududu







Masibhale

Fakela amagama kwezi zivakalisi zingezantsi.

ngaphaya	ngaphantsi	ngaphakathi
emlanjeni	phakathi	emanzini

Akulunganga ukutsibela _____ edamini kuba usenokwenzakalisa omnye umntu.

Kuyatshisa namhlanje. Masiyokuqubha _____ (umlambo).

Musa ukuqubha wedwa. Ukuba udiniwe usenokungakwazi ukuziphumela _____ (amanzi) ngokwakho.

Tsiba _____ kwetyholo ukuze ungene emlanjeni.

Abanye abantu bangahlala _____ emanzini ixesha elide.

Masibhale

Hlanganisa ezi zivakalisi usebenzisa u-**kunye, kwaye, ze**, okanye u-**kodwa**.





Musa ukubaleka _____ utsibele edamini.

Musa ukunyathela iibhotile ezaphukileyo _____ neetoti ezindala.

Ungaqubha ngemini ezolileyo _____ hayi xa kukho isiphango.

Kumnandi ukuqubha _____ kufuneka ube nenkathalo.

Yiba nenkathalo xa uqubha _____ ungatsibeli ebantwini.

Ndiyawathanda amanzi

Umhla:

Masifunde

AMANZI

Ndiyakuthanda manzi!
Ndikufuna
Ngomzuzu ngamnye nangeyure nganye

Ndiyakuthanda, njengoko
Ndizithanda nam
Ndithi Viva! kuwe
Hlal' usenjenjalo

Ihlabathi lisezandleni zakho!

Michael Matlala



Masibhale



Ngubani obhale lo mbongo?
Imbongi iwafuna nini amanzi?
Sazi njani ukuba imbongi iyawathanda amanzi?
Kuthetha ukuthini ukuthi "Hlal' usenjenjalo"?
Uthetha ukuthini xa esithi "ihlabathi lisezandleni zakho"?



Masibhale Lungisa la magama wenze izivakalisi ezivakalayo.

isiphango emanzini xa Phuma kukho
abantu ukunyathela Lumkela ukutyhala okanye nabanina
iitoti ezaphukileyo Qaphela neebhotile kunye
ukuqubha ukuba kungaluyolo uyakhathala

Masibhale Tshatisa umfanekiso kunye nesixhobo esifanelekileyo.

iplanga lokuntywila
umbhobho wokuphefumla emanzini namaphiko
umnatha
iplanga lokutyibilika phezu kwamaza
idama lasekhaya











Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz



Umhla:

Ukukhuseleka emanzini



Masibhale

Chaza ukuba ezi zivakalisi **ziyinyani** (EWE) okanye **aziyonyani** (HAYI). Ukuba asiyonyani phinda usibhale sibe yinyani.

	Ewe	Hayi
Rhoqo ngonyaka kutshona abantu elwandle.		
Akukho mntu unokufumana ubunzima ukuba ulumkile.		
Ukuqubha kungaluyolo, ngakumbi ngemini eshushu, kodwa kusenokuba yingozi kakhulu.		
Xa kukho isiphango, phuma emanzini.		
Qubha emanzini amdaka rhoqo.		



Masibhale

Bhala isaziso uze usixhome emthini emlanjeni.
Sebenzisa izivakalisi ezisemgangathweni zilandelelane kakuhle.
Zoba umfanekiso ukutsala umdla wabantu kule powusta yakho.

Qinisekisa ukuba amanzi acocekile phambi kokuba uqubhe.

Musa ukuntywila ukuba amanzi awacocekanga.

Musa ukusela amanzi.

Musa ukunyathela engceni.

Musa ukuthetha nabantu ongabaziyo.

Ungaze uqubhe uwedwa.

Musa ukuqubha xa kukho isiphango.

Jonga phambi kokuba uwele indlela.





ISAZISO



Gqibezela imephu. Zalisa izithuba. Funda izivakalisi ezingezantsi, uze wenze isigqibo malunga nokuba zeziphi onokuzisebenzisa kwimephu yakho.

Umdlalo



Tsibela emanzini ungakhange ujonge.	Lumkela iibhotile ezaphukileyo neetoti.
Musa ukuqubha emva kokutya kakhulu.	Ungawasela amanzi.
Qubha ukuba amanzi anodaka.	Musa ukuya kuqubha uwedwa.







Teacher

Date:

Sign:



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Ukubaleka endleleni

Umhla:

Masithethe

Jonga emfanekisweni.

- Benza ntoni aba bantu?
- Ucinga ukuba le nto bayenzayo ikhuselekile? Ngoba kutheni?
- Ucinga ukuba indawo abakuyo inempilo? Utsho kuba kutheni?
- Ucinga ukuba ezi mbaleki mazibalekele phi?
- Ngcebiso ni onokuyinika abantu ababaleka ezidolophini?

Masifunde



Indlela yokusinda xa ubaleka edolophini

Ukuzigcina usempilweni kunganobungozi. Abantu ababaleka edolophini basemngciphekweni wokugiliswa ziimoto. Oku akuthethi ukuba abantu basezidolophini mabayeke ukubaleka. Kuthetha ukuba kufuneka balumke, kwaye kufuneka bathobele imithetho yendlela.

Iindlela zilungiselelwe iimoto, iibhasi kunye neelori. Ukuba abaqhubi beemoto ababoni kakuhle, ungagiliswa. Kubalulekile ke ngoko ukunxiba impahla ekhanyayo xa ubaleka. Ungancamathelisa empahleni yakho ngaphambili okanye emqolo into eorenji okanye ekhazimlayo.

Kufuneka ubaleke kwicala langasekunene endleleni ujonge iimoto eziza ngaphambili. Ukuba unakho sebenzisa iindledlana zabahamba ngeenyawo. Abantu ababalekayo kufuneka bathobele imithetho eqhelekileyo yendlela. Xa ukwindawo yokunqumla yabahamba ngeenyawo, kufuneka ukhangele ukuba akukho zimoto zizayo na phambi kokuba uwele.

Masithethe

- Lingantoni eli bali?
- Kutheni le nto kufuneka silumke xa sibaleka edolophini?
- Ucinga ukuba aba bantu babaleka endleleni baneengxaki ezifanayo nasemaphandleni? Chaza isizathu soko.
- Ukhe ubaleke endleleni wena? Ukuba kunjalo, ubalekela phi?

Masibhale

Yenza isangqa emagameni avakala ngokufanayo.

chuba	cubha	icuba	qhuba	vuba
inyama	inyanga	ilanga	idina	ucango
iqaqa	qabela	qongqothwane	qhaqha	iqhawe
ixoxo	uxam	imboxo	umbhoxo	ixolo
pheka	bheka	gxeka	hleka	yeka

Umdlalo

Yenza isangqa kwephume yodwa.



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz



Umhla:

Baleka ngokukhuselekileyo



Masibhale



Kutheni kuyingozi ukubaleka edolophini?
Ingaba umbhali ucinga ukuba iindlela zenzelwe ntoni?
Kufuneka iimbaleki zinxibe ntoni ezimpahleni zazo? Ngoba kutheni?
Yeyiphi imithetho yendlela emithathu ekufuneka ithotyelwe ziimbaleki?
1
2
3



Masibhale

Bhala isichasi segama ngalinye kwisithuba esingezantsi.
Khetha kumagama asebhokisini.



ikhuselekile

intle

ilungile

ayikhuselekanga

mbi

umntu

ihlobo

ayikho mpilweni

enye

ukwindla

yomelele

kulungile

mhle	ikhuselekile	usempilweni	asingomntu	ayilunganga





Masibhale

Bhala umhlathi kwakhona. Fakela oonobumba abakhulu neziphumlisi.

ukubaleka luhlobo lwezemidlalo oluseluthandwa kakhulu abantu abaninzi babaleka kuba befuna ukubasempilweni abantu badla ngokubaleka kusasa phambi kokuba kubekho iimoto ezininzi okanye emva komsebenzi xa zimbalwa iimoto kule mihla zininzi iimbaleki ezimamela kwiiMP3 zazo xa zibaleka oku kungayingozi kakhulu

Masibhale

Qqibezela ezi zivakalisi ngokukrwela umgca kwinxalenye ekwicala elipinki uye kwinxalenye efanelekileyo ekwicala eliluhlaza.

Ndibaleka ekuseni	kwaye ndiqinisekisa ukuba ndibaleka yonke imihla.
Phambi kokubaleka ndinxiba impahla yam ekhanyayo	kuba ndibaleka yonke imihla.
Ndiyakuthanda ukubaleka	kwaye ndizifumana ndonwabile.
Ndisempilweni kunangaphambili	kwaye ndinxiba zona xa ndibaleka.
Ndizithengele izihlangu ezizodwa	kuba ndiqala ukusebenza ngentsimbi yesi-8:00.
Ndithenge ihempe ebhalwe "Ndiyakuthanda ukubaleka"	kuba ndifuna abaqhubi beemoto bandibone kakuhle.

Umhla:

Ukubhiyozela ezemidlalo

Masifunde Umyhadala wezemidlalo eKapa.

Inkqubo Yezemidlalo

IXESHA	UKHUPHISWANO	INDAWO
NgoLwesithathu, 6 Okthobha 20:00	Ukuphakamisa intsimbi nokwakha umzimba	eWittebome Civic Centre
NgoLwesine, 7 Okthobha 20:00	Umdlalo wamakhasi	eWittebome Civic Centre
NgoLwesihlanu, 8 Okthobha 19:30–21:30	Ibhola ekhatywayo	eAthlone Stadium
NgoMgqibelo, 9 Okthobha 10:00–18:00 10:00–14:00 10:00–14:00 11:00–14:00 10:00–15:00 14:00–15:30 14:00–16:30 20:45–22:15	Iqakamba Iathletiki Ukhwelo bhayisekile Ivolibholi Itshesi Ibhola yomnyazi Intenetya Umbhoxo	eTurfhall Park eVygieskraal Stadium eVygieskraal Stadium eVygieskraal Stadium Kwiholo yaseSPRAI Kumabala ezemidlalo aseWilliam Herbert Kumabala ezemidlalo aseWilliam Herbert eAthlone Stadium

Masithethe

- Yintoni umyhadala wezemidlalo?
- Ucinga ukuba yeyiphi eyona midlalo ithandwayo? Kutheni usitsho nje?
- Ngowuphi umdlalo onokuwubukela ngentsimbi yeshumi ngoMgqibelo, umhla wesi-9 Okthobha eTurfhall Park?
- Ungakwazi ukubukela iqakamba neathletiki ngaxeshanye. Chaza isizathu sokuba utsho njalo.
- Ungakhetha ukubukela ibhola yomnyazi kunentenetya?



Masibhale Fakela amagama.

rhoqo	maxa wambi	ngalo lonke ixesha	-dla	soze



Ndiyabaleka _____ kusasa.

_____ ndibaleke ngaphandle kwempahla ekhanyayo.

Mna noJoe si_____ ngokubalekela kwithala leencwadi ngentsasa yangoMgqibelo.

Xa ndibaleka kusasa iyana _____.

Emva kwesidlo sangokuhlwa phambi kokuba ndiyokulala ndimamela unomathotholo _____.





Masibhale Buza imibuzo.

Umzekelo
Iimbaleki zingonzakala ukuba zibaleka kukho iimoto ezininzi endleleni.
Kungenzeka ntoni kwiimbaleki xa zibaleka phakathi kweemoto ezininzi?

Ukuzigcina usempilweni kunganobungozi.
Kutheni ?
Iindlela zilungiselelwe iimoto, iibhasi kunye neetekisi.
Ingaba iindlela ?
Abaqhubi zimoto bakufumana kunzima ukubona
Ingaba abaqhubi ?
Kubalulekile ukunxiba impahla ekhanyayo xa ubaleka.
Ingaba kubalulekile ?

Ukucwangcisela ukubhala

Umhla:

Masithethe

- Lixesha lokubhala enye incwadi.
- Ncokola nomhlobo wakho malunga nento oza kubhala ngayo. Kweli tyeli bhala incwadana eluncedo. Le ncwadi kufuneka icebise umfundi malunga nezemidlalo okanye ukupheka okanye nantoni na ozonwabisa ngayo.

1. Isiqalo

Bhala imigca embalwa uchaze into oyithandayo.



2. Umbindi

Bhala imigca embalwa ngendlela olungiselela ngayo loo nto uyithandayo. Chaza izixhobo (okanye izithako) ozifunayo.



Bhala isihloko sakho apha.
Le ncwadi iza kuba ngantoni?



3. Umbindi

Bhala ngendlela yokwenza kakuhle. Ukuba zezemidlalo chaza izinto emazenziwe ngumfundi ukuba ufuna ukubasempilweni. Ukuba yenye into mcebise ngezinto anokuzenza ukuze aphumelele.



4. Isiphelo

Okokugqibela, qoshelisa incwadi yakho ngokunika umfundi izizathu zokuqhubeka nale nto ayithandayo.

Bhala ibali lakho ephepheni. Cela umhlobo wakho akuncede ngokwenza izilungiso. Sika iphepha elilandelayo. Songa iphepha emigceni. Zalisa iphepha elingaphambili uze ubhale ibali lakho ngaphakathi encwadini.

UQWEQWE

Zoba umfanekiso apha.

Bhala itayitile yencwadi apha.

Bhala igama lakho (ungumbhali).

1

INYATHELO LOKU_1: Goba kumgca wamagcaphaza

UQWEQWE LWANGASEMVA

MALUNGA NOMBHALI

Bhala igama lakho

Iminyaka yakho

Uhlala phi

8

INYATHELO LESI_2: Goba emgceni wamachaphaza

INYATHELO LESI_3: Qhobosha kweli cala

INYATHELO LESI_4: Sika emgceni emva kokudibanisa incwadi yakho.

Bhala umbindi webali lakho apho nakwiphepha lesi-5.

4

Qhubeka apha nebali lakho.

5

Zoba umfanekiso apha.

Zoba umfanekiso apha.

Zoba umfanekiso apha.

Qalisa ukubhala ibali lakho apha nakwiphepha lesi-3.

2

Zoba umfanekiso apha.

Gqibezela ibali lakho.

7

3

Qhubeka nebali lakho.

Zoba umfanekiso apha.

6

Bhala ukuba kwenzeke ntoni ekupheleni kwebali.

Zoba umfanekiso apha.







3





Ukuchaza izinto

Umhla:

Masithethe

Ukuza kuthi ga ngoku kulo nyaka benithetha ngeendawo ezahlukeneyo.

- Ukhe wacinga na ngendlela ezikhangeleka ngayo ezi ndawo?
- Ungayichaza njani indlela ezikhangeleka ngayo?





Masifunde

Jonga ibhokisi ekumfanekiso ongezantsi. Unokubona icala elide elinombala oluhlaza. Elinye icala elide ongakwaziyo ukulibona nalo liluhlaza. Umphezulu omde u nombala obomvu, ze icala elide elingezantsi ongenakulibona libe bomvu nalo. Icala elifutshane libhulowu ze elinye icala elikwalifutshane nalo ongaliboniyo libe bhulowu nalo.



Ngoku ke phawula ibhokisi usebenzise la magama.

icala elifutshane **icala eliphezulu elide** **luhlaza**

bhulowu **icala elide** **bomvu**



Masibhale

Jonga ibhokisi kwakhona uze usebenzise la magama ukugqibezela ezi zivakalisi. Sowenzelwe esokuqala.

1. Ndiyakwazi ukubona icala eliluhlaza elide kunye necala eliluhlaza elide ngaphezulu.
2. Ndiyakwazi ukubona _____.
3. Ndiyakwazi ukubona _____ kunye _____.
4. Ndiyakwazi ukubona _____.
5. Ndiyakwazi ukubona _____, i _____ kunye ne _____.
6. Ndiyakwazi ukubona _____ kunye ne _____.

Masenze

- Ncokolani ngemibala yale bhokisi. Icala ngalinye linombala owahlukileyo.
- Yalatha amacala owabonayo uze uchazele umhlobo wakho ukuba icala ngalinye linowuphi na umbala.
- Zicingele ukuba uyakwazi ukubona umzantsi webhokisi, umva wayo kunye necala langasekhohlo. Chazela umhlobo wakho ukuba yeyiphi imibala oza kuyibona.
- Ukuba unebhokisi eklasini yakho, yijonge macala onke.

Faka imibala kumacala ahlukileyo ebhokisi usebenzise imibala oyibona kwibhokisi ekumfanekiso 1.



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Ukujonga

Umhla:

Masithethe

Uchaze iindawo ezahlukeneyo zebhokisi.

- Uyakwazi na ukuchaza iindawo ezikufuphi nesikolo sakho?
- Ncokola ngezinye zeendawo ezikufuphi nekhaya lakho.

Masifunde

UJabu noThemba bameme uBongi ukuba aze kusuku lwabo lwezemidlalo. UBongi uhlala kude nesikolo sabo. Kuza kufuneka akhwele iitekisi ezimbini ukuze afike esikolweni kwaye woyika ukulahleka. UJabu noThemba baza kuthumela uBongi eli phetshana kunye neleta ecacisa indlela eya esikolweni.



Masibhale

Bhala iimpendulo zale mibuzo.

Lunini usuku lwezemidlalo?

Kuqaliswa ngabani ixesha?

Sazi njani ukuba uBongi angeza nodadewabo omncinci?

Zeziphi iindidi zokhuphiswano eziza kubakho?

Nika igama lesikolo nedilesi.



Masibhale

Bhalela uBongi ileta emcacisela indlela eya esikolweni. Chaza izinto aza kuzibona kufutshane nesikolo nezisingqongileyo ukuze kube lula ukufumana indlela.

Bongi othandekayo

Ndiyavuya kakhulu xa uza kuza kusuku lwethu lwezemidlalo. Kulula kakhulu ukufumana indlela eza esikolweni sam. Igama lesikolo sam yi

Isikolo sam sikufuphi ne

Xa usehla etekisini uza kubona

Uza kukwazi ukuba usesikolweni sam kuba sikhangeleka

Ndiyathemba uya kulonwabela usuku lwethu lwezemidlalo.

Umhlobo wakho





Masenze

Funda iileta ezi-3 zabahlobo bakho.
Sebenzisa uphawu (✓) kuEwe okanye (✗) kuHayi.

	1	2	3
Ingaba umhlobo wakho ukhankanye iindawo ezifanayo kufuphi nesikolo?			
Ingaba basichaze isikolo ngendlela efanayo naleyo ubusichaze ngayo?			



Ukwalathisa

Umhla:

Masenze

Inkwenkwe efikayo iqale isikolo namhlanje. Yincede uyibonise indlela eya esikolweni.



Masenze

Mncede afumane ezi ndawo zilandelayo apha esikolweni.

Iklasi yebanga lesi-4	Yiklasi yokuqala ngasekunene kwakho.
Iofisi yenqununu	Xa engena kufuneka ajike ngasekhohlo. Ligumbi lesibini ngasekunene.
Izindlu zangasese	Xa engena esikolweni kufuneka ajike ngasekhohlo. Uza kubafumana kwigumbi lesine ngasekunene.
Ibala lokudlala	Xa engena kufuneka ajike ngasekhohlo aze aphumele kumnyango ongasekunene.



Umdlalo

Zoba imephu yesikolo sakho



Masibhale

Bhala izalathiso ukusuka esangweni lesikolo ukuya eklasini yakho.



Ukuqalisa ukusebenzisa iimephu

Umhla:

Indawo abahlala kuyo uJabu noThema





Masibhale

Jonga emfanekisweni uze ufakele amagama ashiyiweyo.



1. UThema uhlala kwindlu enodonga olutyheli kunye nophahla olu _____.
2. Ukuba uThema ujika ngasekhohlo angaya kwiveni e_____.
3. UJabu uhlala kwindlu enophahla olu _____. Ujongene noThema.
4. UJabu ujika ngasekhohlo aze ajike ngase _____ . Angathenga i_____ apho.
5. Xa uThema efuna ukuthenga izitampu ujika ngase _____ kwisango lakhe kuba i _____ ingasekunene kuye.



Masifunde

Kumsebenzi ongaphambili sithethe "ngekhohlo" kunye "nokunene". Kodwa kukho amanye amagama awodwa esiwasebenzisayo ukuchaza indlela. La ngamagama athi "emantla", "emazantsi", "empuma" kunye "nasentshona". La magama asinceda sichaze nqo apho sikhoyo. Ilanga lisoloko liphuma empuma lize litshone entshona. Impuma nentshona ziindawo ezimileyo. Singasebenzisa impuma nentshona ukuchazela abantu indawo amabaye kuyo.

Siyifuna njani indlela?

Ukuba uyema ujonge ilanga eliphumayo, ujonge empuma. Ukuba wolula ingalo yakho yasekhohlo iza kwalatha emntla. Ukuba wolula ingalo yakho yasekunene, iza kwalatha emazantsi.

Singasebenzisa ikhampasi ukubonisa umntla, umzantsi, impuma nentshona.

Masibhale

Jonga umfanekiso ongezantsi. UMandla ujonge ngasempuma ngakwipali yefowuni.

UMandla usibonisa indlela



Khumbula: xa sizoba ikhampasi, incam yasemantla yalatha ngentla kwephepha. Oku akuthethi ukuba umntla wephepha ujonge ngasemantla. Kodwa ungayiqonda ukuba ijonge phi na incwadi yakho ngokuma ngale ndlela ame ngayo uMandla, ujonge ngasempuma.

1. Ungakweliphi icala umthi? _____
2. Ingakweliphi icala imoto? _____
3. Ingakweliphi icala iposi? _____

Teacher
Date:
Sign:

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Ukuchaza apho zikhoyo izinto

Umhla:

Masithethe

- Ukuba uma phezu kwesitulo eklasini yakho ze ujonge phantsi, ubona ntoni?
- Ukuba uma ngemva eklasini ze ujonge iklasi, ubona ntoni?
- Ukuba uma ngaphambili eklasini ze ujonge iklasi ubona ntoni?
- Khawuzame

Umfanekiso woku-1: Imbonakalo yangaphambili yeklasi





Umfanekiso wesi-2: Imbonakalo yeplani yeklasi







Masithethe

Jonga imizobo emibini kumfanekiso 1 nomfanekiso 2. Thelekisa le mifanekiso mibini uze uphendule imibuzo ukule theyibhile.

	Umfanekiso 1	Umfanekiso 2
Ubeme phi umzobi ngeli xa azoba lo mfanekiso?		
Bangaphi abantwana abanokuhlala kule klasi?		
Zingaphi izaziso ezikwibhodi yezaziso ngaphambili?		
Uyakwazi ukubona into esebhodini ngasemva?		
Yintoni engaphandle komnyango?		
Yintoni eme ecaleni kwefestile?		
Ucinga ukuba ziliqela iifestile eziseklasini? Ungaqiniseka?		
Mangaphi amathala akhoyo kwithala leencwadi?		
Ingaba kukho umsebenzi obhaliweyo ebhodini?		
Ingaba kukho into ekhoyo ekhabhathini?		



Masibhale

Yenza uluhlu lwezinto ezili-12 eziseklasini kumfanekiso 2. Nombola olo luhlu ukusuka ku-1 ukuya kwi-12. Qinisekisa ukuba izinto ezili-12 ezikuluhlu lwakho lwezinto ozibone kumfanekiso 1 ziyafana nezo uzibone kumfanekiso 2.

Xa sijonge umfanekiso 3 sicingela ukuba umzobi wayesisinambuzane esijonge ezantsi sisesilingini. Lo mfanekiso ubizwa ngokuba **yimbonakalo yeplani**



Ukufunda nokuzoba iimephu

Umhla:



Masenze

Sebenzani ngezibini nizobe imbonakalo yeplani elula yeklasi yenu ephepheni elicocekileyo. Ukuba kukho iitafile okanye iidesika ezininzi, mazingazotywa ezinye kodwa mayizotywe itafile katitshala kunye nethala leencwadi nekhabhathi. Thelekisani imizobo yenu naleyo yabahlobo benu.



Masithethe

Ngoku ke masijonge imbonakalo yeplani enkudlwana.

- Yalatha kwiindawo ezahlukeneyo ozibonayo.
- Yalatha ukuba ungaphi na umntla.
- Bonisa abahlobo bakho ukuba siphi na isibhedlele, ipaka, isikolo kunye nomzi wabacimimlilo. Chaza ukuba ziintoni na ezikufuphi nezo ndawo.











Yenza isangqa kwigama elichanekileyo. Masibhale

Isitalato iHadebe singasentla/singasezantsi kwesitalato iMandla.
Isikolo singasentla/singasezantsi kwesitalato iMandla.
Isibhedlele singasentla/singasezantsi kwesitalato iHadebe.

Bhala impendulo echanekileyo.

Sikwesiphi isitalato isibhedlele?	
Ikwesiphi isitalato ipaka?	
Ukwesiphi isitalato umzi wabacimimlilo?	
Bhala izivakalisi zibe zithathu malunga nokuba ziphi izinto ezikule mephu.	



Ukufunda iigridi

Umhla:

Masithethe

- Jonga kumfanekiso olandelayo uze uchaze ukuba ebeme phi umzobi xa ebezoba lo mfanekiso.
- Mingaphi imigangatho ekwesi sakhiwo?
- Zingaphi iiflethi ezikwesi sakhiwo?
- Bala iiflethi.
- Kukho imigangatho emihlanu kwaye kuhlala iintsapho ezintathu kumgangatho ngamnye.
- Ubona ntoni kowona mgangatho usezantsi?



Ibhloko yeeflethi

Masithethe

- Buza ze uphendule imibuzo engabantu obabona kwiiflethi zabo.
  Kwenzeka ntoni kwiflethi engunombolo 2c?
  Indoda ipheka isidlo sangokuhlwa.

Masibhale

Ngokwamaqela enu tshatisani inkcazo kunye nenombolo yeflethi. Eyokuqala uyenzelwe. Bhala konke.

Inkwenkwe imamele irediyo.	5C	Indoda ifunda iphephandaba.		Ikati ikhwela efestileni.	
Umakhulu unitha ijezi.		Inkosikazi ihlamba iindonga.		Abantwana banetheko lokuzalwa.	
Inkwenkwe iyahlamba.		Intombazana imunca iayisikhrimu.		Indoda ipeyinta udonga.	
Indoda ipheka isidlo sangokuhlwa		Uvala iikhethini.		Inkosikazi ibukele umabonakude.	

Izivakalisi ezikwitheyibhile zikwixesha langoku kwimo eqhubekayo.
Khetha izivakalisi ezine uzibhale **kwixesha langoku**.
Sesikwenzele umzekelo.



Indoda iyapheka isidlo sangokuhlwa.
Indoda ipheka isidlo sangokuhlwa.

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Ukufunda iitshathi

Umhla:

Masithethe

Jonga umfanekiso olandelayo. Usixelele ukuba yeyiphi imidlalo ethandwa ngabantwana. Yijonge uwedwa imizuzu embalwa.



Imidlalo ethandwa kakhulu ngabantwana







Masithethe

- Lo mfanekiso kuthiwa yibhatshathi. Le ke, isichazela ukuba yeyiphi imidlalo ethandwa ngabantwana.
- Jonga umgca osezantsi ze uchazele umhlobo wakho ukuba yeyiphi imidlalo ekhankanyiweyo.
- Jonga amanani akwicala lasekhohlo letshathi ze uchaze ukuba ngawaphi amanani akhankanyiweyo.

Aa Bb Cc Dd Ee Ff Gg Hh Ii Jj Kk Ll Mm



Masibhale

Loluphi uhlobo lwezemidlalo oluthandwa ngabantwana abaninzi?	
Loluphi uhlobo lwezemidlalo olungathandwa kakhulu ngabantwana?	
Bangaphi abantwana abathanda ibhola ekhatywayo?	
Bangaphi abantwana abathanda ibhola yomnyazi?	
Bangaphi abantwana abathanda ukubaleka?	
Bangaphi abantwana abathanda ukuqubha?	

Masenze

Buza abahlobo bakho abalishumi ukuba bathanda oluphi uhlobo lwezemidlalo. Qala ekupheleni kwetheyibhile.

10				
9				
8				
7				
6				
5				
4				
3				
2				
1				
	Ibhola ekhatywayo	*Ibhola yomnyazi*	*Ukuqubha*	*Ukubaleka*

Itheyibhile yakho iza kukhangeleka ngolu hlobo.

10				
9				
8				
7				
6				
5				
4				
3				
2				
1				
	Ibhola ekhatywayo	Ibhola yomnyazi	Ukuqubha	Ukubaleka

Loluphi uhlobo lwezemidlalo abaluthanda kakhulu? _____

Loluphi uhlobo lwezemidlalo abangaluthandi kakhulu? _____

Teacher

Date:

Sign:

Igqabi elinemibala emininzi

Umhla:

Masifunde

Kweli phepha lemisebenzi siza kujonga uhambo oluthathwa ligqabi.
Xa ulifunda zama ukuzoba imephu ebonisa uhambo.



Umthi wawume egadini. Kwaqala kwavuthuza umoya kwaze kwashukuma igqatyana elincinci. Lawa emthini. Lawa laya ezantsi lade lawela kwingca ephantsi komthi. Kwakukho ikati eyayihleli engceni. "Molo gqatyana eliluhlaza," yabulisa ikati. "Ndingadlala nawe?"



Lathi elo gqatyana liseza kuvuma kwasuka kwavuthuza umoya kwakhona. Whuuuwu! Watsho umoya walinyusa elo gqatyana laya phezulu esibhakabhakeni. Umoya walithatha umgama omde. Emva koko waliwisa ngobunono ecaleni kwendlela.

'Molo gqatyana elityheli," yatsho intaka ecaleni kwendlela, "Uza kuhlala nam?" "Ngumnqa ke lo," latsho igqatyana. "Ikati ithe ndiluhlaza. Ngoku intaka ithi ndityheli. Kazi ndinombala onjani?"



Lathi igqabi xa liza kubuza intaka waqala ukuvuthuza kwakhona umoya. Whuuuwuu! Wavuthuza umoya, watsho walithatha igqatyana walinyusela phezulu esibhakabhakeni. Umoya wemka nalo umgama omde. Emva koko waliwisa ngobunono ebaleni elikhulu.



Kwakukho iinkomo kwelo thafa zisitya ingca. Enye yezo nkomo yaza yazokubona eli gqatyana. "Mhuuu," yanxakama inkomo. "Molo gqatyana eliorenji." "Ngumnqa ke lowo," latsho igqatyana. "Ikati ithe ndiluhlaza, intaka yathi ndityheli. Ngoku inkomo ithi ndiorenji. Kazi ukuba ndinombala onjani na?"



Lithe igqatyana liseza kubuza inkomo suka wavuthuza kwakhona umoya. Whuuuwuu! Wavuthuza umoya wemka negqatyana walinyusa laya phezulu esibhakabhakeni. Umoya wemka nalo umgama omde. Emva koko waliwisa ngobunono phezu kwenduli enkulu.

Lahlala apho igqatyana okwethutyana. Kweza ibhokhwe yaza kulo. "Molo gqatyana elibomvu," yabulisa ibhokhwe. "Ingaba uzokuhlala apha kule nduli kunye nam?"







"Ngumnqa ke lo," latsho igqatyana. "Ikati ithe ndiluhlaza yaza intaka yathi ndityheli, inkomo yona ithe ndiorenji. Ngoku ibhokhwe ithi ndibomvu. Kazi ukuba ndinombala onjani na?"

Igqatyana lahlala lathi cwaka. "Molo gqatyana elimdaka" yatsho ihagu. "Ndiphantse ndakutya ngoku-ngoku. Uziswe ngumoya apha?" "Ngumnqa ke lo," latsho igqatyana. "Ikati ithe ndiluhlaza, intaka yathi ndityheli, inkomo yathi ndiorenji yaze ibhokhwe yathi ndibomvu. Ngoku ihagu ithi ndimdaka. Kazi ukuba ndinombala onjani na?"

Kanye ngelo thuba inkwenkwana yalibona elo gqatyana yaze yalichola. "Jonga," yatsho kumama wayo. "Jonga eli gqatyana ligolide. Jonga onke amanye amagqabi. Aluhlaza natyheli naorenji nabomvu namdaka nagolide." "Ewe," watsho umama wakhe. "Njengokuba lidlule nje ihlobo, amagqabi anemibala yasekwindla."



Masibhale

Yeyiphi imibala emihlanu eliye latshintshela kuyo igqabi? Sebenzisa la magama: "Kuqala", "Laze", "Emva koko" kunye no-"Ekugqibeleni" kwizivakalisi zakho ezihlanu.

Okokuqala
Laze
Laze
Emva koko
Ekugqibeleni



Masenze

Yenzani umdlalo linganiso ngeli bali. Kufuneka abadlali abasibhozo:

- Umntu oza kuba ligqabi
- Abantwana abane abaza kuba zizilwanyana
- Umntu oza kuba yinkwenkwana
- Umntu oza kuba ngumama
- Okokugqibela, umntu oza kubalisa

Umbalisi uxela inxalenye yebali engathethwayo zizilwanyana, yinkwenkwe, ngumama naligqabi.





Umhla:

Imibala yasekwindla



Masifunde

Imibala yasekwindla mihle. Sonke siyayonwabela. Wakhe wazibuza ukuba kutheni umbala wegqabi utshintsha ekwindla. Kutheni amanye amagqabi ejika abe bomvu ze amanye abe tyheli naorenji? Ukuphendula le mibuzo kufuneka kuqala siqonde ukuba yintoni amagqabi nokuba enza ntoni.

Izityalo ziyazenzela ukutya kwazo. Zifunxa amanzi emhlabeni ngeengcambu zazo. Zifumama igesi ekuthiwa yikhabhonidayokhusayidi emoyeni. Zijika amanzi kunye nekhabhonidayokhusayidi zibe kukutya neoksijini. Ioksijini yigesi esemoyeni esiyifunayo ukuze siphefumle.

Izityalo zenza ukutya ngokusebenzisa ilanga kunye nento ebizwa ngokuba yiklorofili. IKlorofili inika amagqabi umbala oluhlaza. Njengokuba lisifa ihlobo kungena ukwindla, iintsuku ziya zisiba mfutshane ngokuba mfutshane. Imithi iqalisa ukulungela ubusika.

Xa kusebusika akubikho kukhanya okanye amanzi awaneleyo okuba eminye imithi izenzele ukutya. Imithi iza kuphumla iphile ngokusebenzisa ukutya obekugcinwe ehlotyeni. Xa kufika ukwindla iqalisa ukuvala iifektri zayo zokwenza ukutya.

- Iklorofili eluhlaza iyemka emagqabini.
- Xa umbala oluhlaza oqaqambileyo usuka, siqala sibone imibala etyheli neorenji.
- Amanye amagqabi ajika abe bomvu. Lo mbala wenziwa ekwindla kukutya okugcinakele emagqabini.
- Imibala emdaka nayo yenziwa ekwindla. Ivela kukutya okungafunwayo okushiyeke emagqabini.
- Imithi eyahlukileyo yenza imibala eyahlukileyo ekwindla. Ngumdibaniso wayo yonke le mibala siyithandayo.









Masithethe

Phinda ujonge ibali kwakhona ze uchazele umhlobo wakho ukuba kutheni sinemibala emininzi kangaka emva kokuba amagqabi aluhlaza etshintshe umbala wawo.

- Amagqabi atshintsha umbala oluhlaza ube tyheli naorenji kuba
- Amagqabi ajika abe bomvu kuba
- Amagqabi ajika abe mdaka kuba





Masenze

Zama ukuba ufumane amagqabi anemibala eyahlukeneyo phambi kokuba uze eklasini ngomso. Zama ukuba uze namagqabi amile ngokwahlukeneyo kwaye abe nobukhulu obahlukeneyo.





Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Amagqabi ezityalo

Umhla:

Masenze

Iimilo kunye nokuphela kwegqabi

Ukhumbule na ukuza namagqabi esikolweni ukulungiselela lo msebenzi?

Jonga amagqabi onawo.

Kukho iindidi ezimbini zamagqabi – alula kunye nambaxa. Amagqabi alula anegqabi elinye kuluthi lwawo. Amagqabi ambaxa anamagqabi amaninzi kuluthi. Jonga umfanekiso 1. Amagqabi anamagqatyana aliqela.

Amagqabi aqhelekileyo nambaxa



Yenza uhlikihlo lwegqabi: umfanekiso wesi-2

Kulo mfanekiso sikubonisa indlela yokwenza uhlikihlo lwegqabi. Beka eli cala ligudileyo phantsi kwephepha. Hlikihla iphepha eliphezu kwegqabi ngobunono ngecala elimcaba lekhrayoni okanye lepenisile. Ipateni esegqabini kunye nokumila okusekupheleni kwegqabi iza kuvela ephepheni.

Ngoku ke hlikihla amagqabi aliqela ephepheni lakho. Zama ukwenza amagqabi ahlukileyo amahlanu.

Ngoku ke ungancamathisela iphepha lakho elinohlikihlo kwiphepha elilandelayo.

Entla kohlikihlo ngalunye bhala uhlobo lwesityalo elivela kuso elo gqabi. Bhala isityalo sembotyi okanye umthi omkhulu okanye isihlahla esincinci, okanye umthi womgamtriya okanye ingca. Qinisekisa ukuba omahlanu amagqabi ayonela kwelo phepha.

Ingaba amagqabi akho ayafana ekupheleni? Yiva ukuphela kwegqabi ngomnwe wakho.

Yitsho ukuba ahluke njani amagqabi ekupheleni kwawo kumfanekiso 3.

Ukwenza uhlikihlo lwegqabi



- Yenza uhlikilo lwegqabi ngolu hlobo. Hlikihla ngobunono ngepenisile okanye ngekhrayoni kwiphepha eliphezu kwegqabi ngalinye.

Nalu uhlikihlo lwam lwamagqabi:



Masibhale

Nika isininzi sala magama

igqabi	
ilizwe	
ilanga	

Nika isininzi sika–igqabi. Ukuba isimaphambili segama ngu **i(li)** isininzi salo ngu **ama-**



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Okunye malunga namagqabi

Umhla:

Masenze

Beka amagqabi ngokwamaqela
Masijonge amagqabi akule mifanekiso ze sichaze indlela akhangeleka ngayo. Jonga ukumila kwamagqabi ujonge nasekupheleni kwawo.

La magqabi agudile ekupheleni



La magqabi anamaziyo ekupheleni



La magqabi amile kabanzi

La magqabi made



Aa Bb Cc Dd Ee Ff Gg Hh Ii Jj Kk Ll Mm



Masibhale

Jonga imifanekiso wandule ukuphendula imibuzo.

Xela igqabi eligudileyo ekupheleni **laze** lalide ngokumila.
Xela igqabi elinamazinyo ekupheleni **laze** lalide ngokumila.
Xela igqabi elibanzi ngokumila **laze** lanamazinyo ekupheleni.



Masenze

Ngoku zalisa umnombo wakho.



Teacher

Date:

Sign:

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Ulwimi lwamagqabi

Umhla:



Masibhale

Izibizo nezimelabizo

Izibizo *ngamagama ezinto. Ngamagama abantu, ezilwanyana kunye nezinto ezifana neempahla, ukutya kunye nezinye izinto ezininzi.* ***Izimelabizo*** *ngamagama amafutshane asetyenziswa endaweni yezibizo. ("Ukumela_isibizo" kuthetha "ukuba sendaweni yesibizo".) Izibizo kunye nezimelabizo ziyathanda ukusebenza kunye.*

1. ***Indoda*** *yayihamba esitalatweni.* ***Yona*** *yayiphethe ibhokisi.*
2. ***Ixhegokazi*** *lalinqumla indlela.* ***Lona*** *lakhubeka elityeni laze lawa.*
3. *Imozulu yayibanda kakhulu.* ***Yona*** *yasenza sanxiba iijezi nezikhafu.*
4. ***Iinkomo kunye neegusha*** *zazisitya edlelweni.* ***Zona*** *zazisitya ingca.*

Ngoku ke bhala izimelabizo kwezi zivakalisi zilandelayo:

1. Igqabi elincinci lawa emthini. _____ lawela engceni phantsi komthi.



2. Ngelo xesha kanye inkwenkwana yabona igqabi elimdaka. _____ yalichola.



3. Ngelo xesha kanye inkwenkwana yabona igqabi elincinci elimdaka. Yalichola _____.

4. Umama wayo wayehambisa inja. _____ wabiza inkwenkwana yakhe.



5. Imithi yayinamagqabi anemibala eyahlukeneyo. _____ yayikhangeleka imihle kakhulu.





Masibhale

Guqula ezi zivakalisi zibe kwingxelontetho.

Intetho ngqo kunye nengxelontetho

Xa sithetha nomntu sisebenzisa intetho ngqo. Xa sifuna ukuxelela umntu into ethethwe ngomnye sisebenzisa ingxelontetho. Jonga le mizekelo:

"Kukho igqabi phantsi." ***Yintetho ngqo ke le.***

Inkwenkwana ithi kwakukho igqabi phantsi. ***Le yingxelontetho.***

1. Uthi mama, "Ndithenga ukutya rhoqo ngeveki."

_____

2. Utata uthi, "Lixesha lokuhamba."

_____

3. UDudu uthi, "Le nyama inencasa."

_____

4. UBongi uthi, "Imifuno yam imnandi."

_____



Umdlalo

Zoba imephu ebonisa apho libhabhele khona igqabi. Zoba imifanekiso ukubonisa ukuba lidibene nabani.

- Liqale ngokudibana nekati. Emva koko lidibene nentaka encinci. Lilandele ngokudibana nenkomo.
- Emva koko labhabha ladibana nebhokhwe emva koko lafunyanwa yihagu.
- Okokugqibela lawela ezinyaweni zenkwenkwe.



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Ipowusta yegqabi

Umhla:

Masenze

Yila ipowusta emalunga nokukhuselwa kwemithi.
Ncokola nabahlobo bakho malunga nendlela yokutsala umdla wabantu ngepowusta yakho.
Ngubani oza kufunda le powusta? Uza kuyixhoma phi le powusta?

Zoba ipowusta yakho apha.



Masibhale



Jonga iipowusta zabahlobo bakho abathathu ze uphendule le mibuzo ilandelayo. Yenza uphawu (✓) kuEWE okanye u (✗) kuHAYI ecaleni kombuzo ngamnye.

	1		2		3	
	✓	✗	✓	✗	✓	✗
Ingaba le powusta iza kutsala umdla?						
Ingaba icacile ukuba le powusta ijolise kubani?						
Ingaba le powusta inomyalezo ocacileyo?						
Ucinga ukuba abantu baza kusabela kule powusta?						
Ingaba umbhalo ucacile?						
Ingaba le powusta inomfanekiso ochanekileyo?						

Ngoku ke chaza ukuba ungaziphucula njani ezi powusta zintathu.



Ukucwangcisa ibali

Umhla:



Masithethe

- Jonga kwakhona ibali legqatyana elincinci.
- Ncokola ngendlela eliqale ngayo ibali.
- Chaza ukuba liphela njani ibali.







Zoba umfanekiso obonisa indlela eliqale ngayo ibali ze ubhale isivakalisi malunga nokuqala kwalo.

Masibhale







Zoba umfanekiso obonisa okwenzeka egqabini njengokuba lalibhabha wandule ukubhala isivakalisi malunga nombindi webali.

Zoba umfanekiso obonisa indlela eliphela ngayo ibali wandule ukubhala isivakalisi esingokuphela kwebali.





Masenze

Ncokola nabahlobo bakho malunga nebali oza kulibhala.
Ncokola ngesiqalo, umbindi kunye nesiphelo sebali.





Ukuzibhalela uwedwa

Umhla:



Masibhale

Ngoku ke uza kubhala ibali lakho ibe lilinge lokuqala kweli phepha.

Isiqalo
Isiqu
Isiphelo

Ngoku uza kwenza eyakho incwadi. Sika iphepha elilandelayo lale ncwadi. Sika kwimigca echokoziweyo. Songa iphepha kwimigca echokoziweyo. Bhala itayitile yencwadi eqweqweni. Bhala igama lakho phantsi kwetayitile kuba ungumbhali webali. Zoba umfanekiso eqweqweni. Ngoku ke bhala ibali lakho phakathi encwadini.





UQWEQWE

Zoba umfanekiso apha.

Bhala itayitile yencwadi apha.

Bhala igama lakho (ungumbhali).

1

INYATHELO LOKU_1: Goba kumgca wamagcaphaza

UQWEQWE LWANGASEMVA

Rainbow WORKBOOKS

MALUNGA NOMBHALI

Bhala igama lakho

Iminyaka yakho

Uhlala phi

8

INYATHELO LESI_4: Sika emgceni emva kokudibanisa incwadi yakho.

INYATHELO LESI_2: Goba emgceni wamaxhaphaza

INYATHELO LESI_3: Qhobosha kweli cala

4

Bhala umbindi webali lakho apho nakwiphepha lesi-5.

Zoba umfanekiso apha.

5

Qhubeka apha nebali lakho.

Zoba umfanekiso apha.

Zoba umfanekiso apha.

Qalisa ukubhala ibali lakho apha kwiphepha lesi-3.

2

Zoba umfanekiso apha.

Gqibezela ibali lakho.

7

Zoba umfanekiso apha.

3

Qhubeka nebali lakho.

Zoba umfanekiso apha.

6

Bhala ukuba kwenzeke ntoni ekupheleni kwebali.

Zoba umfanekiso apha.

4













Umhla:

Inkosikazi eyatyala imithi



Masithethe

- Wakhe wacinga ukuba belinokuba njani na ihlabathi ukuba bekungekho mithi?
- Uyazi ukuba kwenzeka ntoni na kokusingqongileyo xa sigawula imithi ze singalimi eminye?



Masifunde

Funda eli bali lingezantsi kwaye ucingisise ngokufundayo. Ngomso uza kuphendula imibuzo malunga neli bali.



UWangari oneminyaka emithandathu ubaleka kumathafa aluhlaza uya ngasemlanjeni. Uphethe iemele yokukha amanzi. Uyaguqa ajonge lo mlambo uzele ziintlanzi. "Jonga la maqanda amasele," watsho ebhekisa kumnakwabo uNdiritu, waze waphakamisa imitya yamaqanda ewakhupha emanzini. Le mitya yayikhazimla oku kweeperile.

Akuba eze namanzi, yena noNdiritu baza kuya kutheza iinkuni. Umama wabo kunye namanye amakhosikazi elali basebenza emasimini. Ngokuhlwa baza kutya imifuno abaza nayo ekhaya.

Kwakugqitywa ukusetyenzwa uWangari uhamba nonina kunye noNdiritu banqumle amasimi. Ujonga iinduli kunye neentili eziggunywe yimithi yamafiya eluhlaza. "Ingathi umhlaba unxibe ibhatyi eluhlaza," watsho kumama wakhe. Umama wakhe umchazela ukuba kufuneka siwukhathalele umhlaba kunye nemithi esinika ukutya. Umntu ngamnye kunye nomthi ngamnye angenza umahluko ebomini bethu.

"Mama, ndifuna ukwazi konke malunga nomhlaba nemithi. Ndicela ukuya esikolweni," wacenga ngelitshoyo uWangari.



"Ewe Mama nceda umvumele uWangari aye esikolweni," wacenga naye uNdiritu.

"Amantombazana akayi esikolweni," watsho umama wabo.

"Kodwa Mama uWangari uhlakaniphe kakhulu. Kunyanzelekile aye esikolweni," waphendula watsho.

Kungenxa yeso sizathu uWangari waqala ukuhamba isikolo.

Wasebenza ngokuzimisela kwaye nootitshala bakhe bamxelela ukuba uya kuba lulutho kwixesha elizayo. Waya kufunda kwiyunivesithi yaseMelika iminyaka emihlanu. Wayewakhumbula amaqanda amasele, usapho lwakhe, kanti wayekhumbula namasimi la aluhlaza. Kodwa wayekuthanda kakhulu ukufunda nokufumana ulwazi ngezinto ezintsha.

Emva kokumka ixesha elide, uWangari wabuyela ekhaya. Into awayibonayo yamothusa kakhulu. Abantu ababefuna ukuzenzela imali bayigawula yonke imithi bashiya umhlaba uthe bhe. Iinduli neentili ezazigqunywe yimithi yamafiya eluhlaza yayize. Iigadi zemifuno zazifile, kwaye abantu babebhityile belambile.

"Hayi bo!" watsho uWangari. "Batshabalalise umhlaba otyisa abantu."

UWangari wakhathazeka kunjalonje waba nomsindo, kodwa waqala wacinga ngendlela anokubanceda ngayo abantu belali yakhe kunye nelizwe lakhe.

"Yizani," watsho kubantu belali, "Masisebenzeni kunye silime imithi."

Kungekudala wonke umntu wayelima imithi. Amakhosikazi, abantwana, oonovenkile kunye namajoni. Wonke ubani wayetyala imithi. Balima, balima, balima. Ekugqibeleni balima imithi engangezigidi ezingamashumi amathathu. Umhlaba wabuya waphila kwakhona kwaze ngokukhawuleza abantu banento yokutya.



Okunye malunga nenkosikazi eyatyala imithi

Umhla:

Masenze

Yenza umdlalo-linganiso ongentombazana encinci uWangari. Yenza ke ngoku umdlalo-linganiso kwangaye ebuya eMelika. Umdlalo-linganiso wakho kufuneka ubonise into ayibonayo nento ayithethayo.

Masibhale



Bhala izinto zibe ntathu ezazisenziwa nguWangari esengumntwana.

1

2

3

Waxelelwa ntoni ngumama wakhe malunga namasimi aluhlaza?

Wafunda ixesha elingakanani eMelika uWangari?

Yayinjani ilali yakhe mhla wabuya?

Wenza ntoni uWangari ukubuyisela umhlaba kwisimo sawo sangaphambili?

Wancedwa ngubani ukutyala imithi?



Masibhale

Bhala amagama ashiyiweyo.
Sebenzisa la magama akuncedise.

atyala | zakha | gcina | nemithi | ibaluleke | ziyayithanda | inika

Imithi _____ kakhulu. Amakhosikazi amaninzi kwindawo endihlala kuyo _____ imithi ezigadini zawo. Imithi _____ umthunzi xa kushushu. Ndi_____ emininzi egadini yam kwaye _____ amagqabi ayo unyaka wonke. Iintaka _____ imithi yam kwaye _____ iinesi zamantshontsho azo.



Gqibezela ezi zivakalisi zilandelayo.

Masibhale



Ngoku ke bhala amagama anentsingiselo echasa la abhalwe ngqindilili _____.

Rhoqo ngokuhlwa ehlotyeni _____ ndithatha uhambo olukhawulezayo ndinyuke _____ intaba.



Gqibezela izivakalisi ezilandelayo . Khumbula ukubhala amagama amatsha kwisichazi-magama sakho.

Masibhale



Ngexesha uWangari wayeyintombazana elula umhlaba wawukhangeleka
Wathi akubuya eMelika uWangari wafumanisa ukuba





Ukutyala imithi

Umhla:

51

Masenze

Indlela yokutyala umthi?

Kufuneka ube nebhotile eziilitha ezi-2 yesiselo esibandayo, umhlaba kunye nembewu yomthi.

1. Sika umphezulu webhotile.
2. Galela umhlaba ebhotileni. Dibanisa nesivundisi okanye umgquba.
3. Tyala iimbewu zomthi emhlabeni.
4. Nkcenkceshela kanye ngeveki. Kufuneka ugcine umhlaba ufumile kodwa ungabi manzi. Emva kweeveki ezine okanye ezintlanu kuza kuvela izithole.
5. Xa izithole zakho zineeveki ezintathu ubudala, zityale kwakhona kwingxowa yeplastiki enomhlaba.
6. Xa izithole zizide kangangengalo yakho, zityale emhlabeni.













Masithethe

Funda imiyalelo engentla wandule ukuxoxa ngale mibuzo kwiqela lakho.

- Kutheni kubalulekile nje ukuba ugalele isivundisi emhlabeni?
- Kufuneka uzinkcenkceshele kangaphi iimbewu?
- Kufuneka wenze ntoni xa izithole zineeveki ezintathu ubudala?
- Kufuneka uzityale nini emhlabeni izithole zakho?

Masibhale

Buza imibuzo usebenzise amagama akwizibiyeli.

Silima iimbewu kwiibhotile zeplastiki. (Ntoni)

Iimbewu zihlala ezibhotileni kangangeeveki ezintlanu. (ixesha elingakanani)

Sityala iimbewu kuba zilungile kokusingqongileyo. (Kutheni)

Sizifaka kwiingxowa zeplastiki emva kweeveki ezintlanu. (Nini)

Xa zizide kangangengalo yakho sizityala egadini. (Phi)



Masibhale

Khetha ze wenze isangqa kwigama elichanekileyo.



Ndiyamazi/Ndiyakwazi ukutyala iimbewu.

Sinkcenkceshela iimbewu zethu/yethu ukuze zikhule.

Kulungile ukuba iimbewu zinkcenkceshelwe kanye ngenyanga/ngonyaka.

Ukuba unokuba nesiqendu/nesiqwentshu somhlaba ungatyala umthi.

Kukho/Bakho amakhosikazi amaninzi atyala imithi kwindawo esihlala kuyo.



Umdlalo

Rhoqo ngonyaka sibhiyozela **iVeki yamagqabi** ukukhuthaza abantu ukuba batyale baze bakhathalele imithi. Yenza ipowusta yeVeki yamagqabi ukuchazela abantu ngokubaluleka kwemithi.

Igama elithi "Arbor" ligama elidala kakhulu elingasasetyenziswayo. Lithetha "ukuba namagqabi".



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla:

Udliwanondlebe kunye noWangari Maathai



Masifunde

UWangari Maathai waphumelela imbasa yoXolo kaNobel ngowe-2004 (Nobel Peace Prize). Masenze ngathi sinodliwanondlebe kunye naye sisenzela iphephandaba leklasi yakho.

Khawusixelele ngobuntwana bakho kunye nosapho lwakho

Ndazalwa ngomhla woku-1 kuEpreli 1940 eKenya. Abazali bam babengamafama kwaye sasingabantwana abathandathu ekhaya. Mna ndandingowesithathu. Phambi kwam ngabanakwethu ababini. Kwakungekho sikolo efama baze abanakwethu baya kwisikolo saselalini, isikolo samabanga aphantsi i-Ihithe. Ngezo mini amantombazana amaninzi ayengafundi. Kodwa mna ndandikufuna ukufunda. Abanakwethu abadala bamcenga umama ukuba andise esikolweni.

Khawusixelele ngemfundo yakho

Ndathi xa ndineminyaka esibhozo ndafunda kwisikolo samabanga aphantsi i-Ihithe kunye noobhuti bam.

Ndathi xa ndineminyakla elishumi elinanye ndaya kwisikolo esibhodisayo. Ndandikuthanda ukuhlala kweso sikolo kodwa ndikuthakazelela ukugoduka ndiye kuloo mhlaba uluhlaza xa ilithuba leholide. Ndakuba neminyaka eli-16 ndaya kufunda kwisikolo esiphakamileyo. Ndakugqiba apho ndaya eMelika apho ndafundela ezenzululwazi. Ukubuyela kwam eKenya ndothuka ndakubona indlela owawutshatyalaliswe ngayo umhlaba.

Yintoni ekwenze wanempumelelo?

Ndaqala umbutho iGreen Belt Movement. Ndakhuthaza abantu ukuba batyale izigidi ngezigidi zemithi kwiKenya iphela. Imithi abayityalayo yanceda ekunqandeni ukhukuliseko lomhlaba nokupheliswa kwamahlathi.

Imbono yokutyala imithi yanwenwela nakwamanye amazwe. Andizange ndilindele ukuba kungenzeka oku mhla ndaqala iGreen Belt Movement, kodwa ndavuya ndaze ndancedisa kangangoko ndinakho. Ngowe-2004 ndawongwa ngembasa iNobel Peace Prize ngenxa yalo msebenzi ndawenzayo. Ndiyazingca kakhulu ngale nto ngakumbi kuba ndiyinkosikazi yokuqala eNtsundu ukufumana le mbasa.

Ungabacebisa uthini abantu abasebatsha?

Ndifuna ulutsha lwazi ukuba wonke ubani angawenza umahluko. Umntu ngamnye nesityalo ngasinye ubalulekile. Abantu abakwazi ukuphila ngaphandle kwendalo.



Masithethe

Ngokwamaqela enu, ncokolani ngobuntwana bukaWangari nangosapho lwakhe.

- Bamnceda njani abantakwabo ukuze aye esikolweni?
- Yintoni le wayenzayo eyamenza wanempumelelo?
- Kwakutheni ukuze awongwe ngeNobel Peace prize?

Masibhale

Yiba nodliwanondlebe kunye nomntu ophumeleleyo. Ingangumntu osesikolweni sakho (umntu oqhube kakuhle kakhulu ngomsebenzi wakhe wesikolo okanye kwezemidlalo) okanye umntu okwindawo ohlala kuyo. Buza le mibuzo ilandelayo ze ubhale iimpendulo zaloo mntu. Bhala kuqala njengelinge.

Ungandichazela ngosapho lwakho?

Ungandichazela ngemfundo yakho?

Ungandichazela ukuba yintoni ekwenze wanempumelelo engaka?



Ungabacebisa uthini abantu abasebatsha ukuze babe nempumelelo njengawe?

Teacher

Date:

Sign:

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Amanzi

Umhla:

Masifunde

Funda isicatshulwa uze uphendule imibuzo.



Umzabalazo wokufumana amanzi

Uwafumana njani amanzi yonke imihla? Uninzi lwethu lusuke luvulele itephu. Kodwa kukho abo basezilalini apho amanzi aseyingxaki enkulu.

ULiki Mokoena yintombazana eneminyaka eli-13. Uhlala kwilali esemaphandleni. Rhoqo kusasa uvuka ngentsimbi yesine ekuseni phambi kokuba ilanga liphume. Uya kukha amanzi equleni elikude kangangeekhilomitha ezintlanu ephethe iemele enkulu. Uza kukha umlinganiselo wosapho lwakhe wosuku.

Indlela eya equleni iyaqengqeleka nto leyo ethetha ukuba kuba nzima xa umntu ebuya nomthwalo onzima wamanzi.

ULiki uthanda ukuba ngowokuqala equleni ngentsasa nganye, nokuba oko kuthetha ukuba kufuneka avuke ngentseni. Malunga namashumi amabini amakhosikazi nabantwana **abenza umgca** belinde ukukha amanzi rhoqo kusasa. Ingxaki neli qula kukuba alinamanzi oneleyo.

Abantu bokuqala abambalwa emgceni bazalisa izikhongozeli zabo kamsinya kodwa abanye kufuneka balinde ngeli xa iqula lizalisa ngamanzi

kwakhona. Umntu osemva emgceni uye alinde ixesha elide maxa wambi phambi kokuba iqula libe namanzi.

Ukuba uLiki usekugqibeleni emgceni, oko kuthetha ukuba akazi kufika ngexesha esikolweni.



Masibhale

Kutheni amanzi eyingxaki kwiilali ezithile emaphandleni?

Asetyenziselwa ntoni amanzi?

Kutheni le nto ibalulekile imvula ebomini bethu ?

Yintoni enokwenza izinto zibe lula kubantu belali kaLiki?



Masibhale

Guqula igama elikwizibiyeli ukulungisa ezi zivakalisi.

ULiki Mokoena (fumana) _____ amanzi equleni.

Yena (hlala) _____ kwilali yasemaphandleni.

Amakhosikazi amaninzi (ma) _____ ukukha amanzi yonke imihla.

Iqula (alinawo) _____ amanzi amaninzi kulo.

ULiki (funeka) _____ ahambe iikhilomitha ezintlanu ukuya esikolweni.

Okunye malunga namanzi

Umhla:

Masiqonde oku

- Bawakha phi amanzi abantu belali kaLiki?
- Kutheni kufuneka uLiki avuke ekuseni kakhulu?
- Ingaba kulungile na ukuba abantu nezilwanyana basele emanzini asequleni elinye? Ngoba kutheni?
- Ucinga ukuba amakhosikazi kunye nabantwana bayatyhalana ukuya equleni? Kutheni usitsho nje?

Masibhale

Tshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Khumbula ukubhala amagama kwidikshinari yakho.



isikhongozeli	Umlinganiselo wento ofumanekayo ukuze isetyenziswe
umgca	Indawo engekho dolophini
umlinganiselo	Umgca wabantu abame omnye phambi komnye belindele ithuba labo
iphandle	Imbiza okanye iemele yokuphatha izinto

Masibhale

Qaibezela le theyibhile yexesha langoMvulo kaLiki.



04:00	
04:30	uyagoduka
08:00	

17:30	
18:00	upheka isidlo sangokuhlwa
20:00	wenza umsebenzi wesikolo
22:00	



Masibhale

Qqibezela itheyibhile yakho yexesha langoMvulo.



	vuka
08:00	
	siyaphuma isikolo
	qala umsebenzi wesikolo
18:00	
20:00	

Imbalela nokusingqongileyo

Umhla:

Masifunde

Imbalela

Abantu, izilwanyana kunye nezityalo bayafa

Wonke umntu ulambile

Imilambo, imifula kunye namadama ziyatsha

Kutheni kusenzeka le nto nje?

Kuqalise ukucuthwa kwamanzi

Abantu kufuneka basebenzise amacebo okulondoloza

Kufuneka kuhanjiswe ukutya ukukhawulelana nembalela

Iza kuphela nini le nto?

Umhlaba wethu usuke wangumbono ombi

Zizityalo ezomileyo kunye nezilwanyana ezibhityileyo kwindawo yonke

Lo mfanekiso mbi ngumsebenzi wembalela

ithathwe kuGugulethu Maposa



Masibhale

Yintoni imbalela?

Kwenzeka ntoni emilanjeni nasemifuleni xa kukho imbalela?

Kwenzeka ntoni kwizityalo nakwizilwanyana xa kukho imbalela?

Ucinga ukuba kungenzeka ntoni ukuba bekunokubakho imbalela apho ahlala khona uLiki?



Masibhale

Khawuzame ukubhala umbongo ngengxaki yokusingqongileyo kwindawo ohlala kuyo.

Masibhale

Bhala la magama ngokulandelelana kwawo wakhe izivakalisi. Khumbula ukubhala unongxi okanye uphawu lombuzo ekugqibeleni.



uvuka uLiki ixesha ngabani

ezintlanu uhamba uLiki esikolweni iikhilomitha ukuya

ziyafa lembalela izityalo ngexesha

nemifula imilambo kunye iyatsha

akukho ziyalamba izilwanyana ukuba ukutya

Ukulondoloza amanzi

Umhla:

Masibhale

Bhala iingcebiso zibe ntlanu malunga nokulondolozwa kwamanzi. Sebenzisa amagama asebhokisini akuncede.

aphele

inkunkuma

sukulahla

cocekileyo

amanzi emvula

sukusebenzisa amanzi

qokelela

njengendlu yangasese imilambo

Umdlalo

Yenza ipowusta ukukhuthaza abantu balondoloze amanzi.
Sebenzisa izimvo ezisebhokisini.
Zoba umfanekiso omalunga nokulondolozwa kwamanzi.

Tshayela indawo ejikeleze indlu – musa ukutshiza ngombhobho wamanzi ukususa uthuli.

Zivale iitephu.

Iitephu mazingavuzi amanzi.

Hlamba ngeshawa ungangeni ebhafini.

Qokelela amanzi emvula uwasebenzisele ukunkenkceshela.



Yenza ipowusta yakho apha.

Teacher

Date:

Sign:

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Ihlabathi ikhaya lethu

Umhla:

Masithethe

Jonga umfanekiso

- Ubona ntoni emfanekisweni?
- Ingaba okusingqongileyo kucocekile okanye kumdaka?
- Ucinga ukuba kubalulekile ukugcina okusingqongileyo kucocekile? Ngoba kutheni?



Masifunde

Izinto ezingummangaliso ezininzi – isicwangciso esinye

Ilizwe lethu lizele zizityalo nazizilwanyana ezimangalisayo. Ezinye zincinci ngeli xa ezinye zinkulu. Ezinye zixwebile kwaye ezinye ziqaqambile kwaye zimibala-bala. Kodwa zonke zixhomekeke ezinye kwezinye ukuze zibe nokuphila. Udidi ngalunye lwesidalwa esiphilayo lunekhaya lalo elibizwa ngokuba yindawo yokuhlala. Le ndawo isenokuba yimfumba yamagqabi, ihlathi okanye umlambo.

Kwikhaya ngalinye ubomi bezityalo kunye nezilwanyana budibana njengephazili, zonke ziyinxalenye yeplani engummangaliso. Ilanga linika ubushushu nokukhanya. Izityalo zisebenzisa ezi zinto ukwenza okwazo ukutya. Izityalo zikukutya kweendidi ezahlukileyo zezidalwa. Izidalwa ezincinci zikukutya kwezidalwa ezikhulu.

Zonke izinto eziphilayo ziyafa ekugqibeleni. Emva koko ziba zizinto ezityebisa umhlaba ukuze kukhule izityalo ezitsha. Akukho nto iba yilahleko. Iqela lezilwanyana kunye nezityalo ezixhomekeke kwezinye ukuze ziphile kuthiwa sisixokelelwano sezinto eziphilayo xa libizwa.

Isixokelelwano sezinto eziphilayo kufuneka sihlale sizinzile.
Ukuba ukuzinza kuphazamisekile, izityalo kunye nezilwanyana ziya kufa.



Masithethe

- Yintoni ikhaya?
- Ncokola ngendawo ohlala kuyo. Sebenzisa la magama: amanzi, umoya, imithi, inkunkuma, izityalo, izilwanyana, izindlu.
- Kutheni ucinga ukuba abantu, izityalo kunye nezilwanyana zonke ezi zinto ziyadingana?
- Yintoni umahluko phakathi kwento ephilayo nento engaphiliyo?



Masibhale

Athetha ntoni amagama abhalwe ngqindilili? Khetha elona gama lichanekileyo kumagama adweliswe ngasekunene. Bhala la magama angqindilili kwidikshinari yakho.



xhomekeke	themba	thembela	funa	yima
phila	qhubeka	qhuba	impilo	yifa
ikhaya	khathaza	ikhaya	indawo	indlu
izondlo	ukutya	iiorenji	mnandi	yitya
ikhosistimu	okusingqongileyo	ikhompyutha	isilwanyana	isityalo

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Ukuphila nendalo

Umhla:

Masithethe

- Yintoni iphazili ?
- Kutheni okusingqongileyo kufana nephazili?
- Zidinga ntoni izityalo ukuze zizenzele ukutya kwazo?
- Kwenzeka ntoni kwizinto eziphilayo zakufa?
- Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kwizinto ezingaphiliyo ezifana neplastiki, xa sizilahla?



Masibhale

Bhala amagama ashiyiweyo kwizivakalisi ezingezantsi.
Sebenzisa amagama asebhokisini.



lima **faka** **grumbela** **hlala** **na-** **nika**

Indawo endi _____ kuyo ibalulekile.

Ndi _____ iitumato, iitapile kunye namakhaphetshu.

Ndi _____ imithi emibini egadini yam endi _____ umthunzi ehlotyeni.

Ndi _____ onke amagqabi emifuno endingakwaziyo ukuwatya kwikhomposti.

Xa ikhomposti seyilungile ndiyi _____ emhlabeni ukuze umhlaba uhlale usempilweni.

Masibhale

Khetha igama elifanelekileyo.



Izityalo kunye nezilwanyana **ziyinxalenye/siyinxalenye** yesixokelelwano sezinto eziphilayo.



Ikhaya lethu **likokusingqongileyo/akokusingqongileyo**.

Kubalulekile/ibalulekile ukuba okusingqongileyo kuzinze ukuze zibe nokuphila zonke izinto.

Ezinye izityalo ezikokusingqongileyo **zinkulu/sikhulu** ezinye **bancinci/zincinci**.

Izityalo **sikukutya/zikukutya** kwezilwanyana ezahlukileyo.



Masibhale

Khetha igama elichanekileyo wandule ukubhala isivakalisi esichanekileyo ebhokisini.



Kwiveki ephelileyo sichola/sichole inkunkuma eklasini yethu.

Emva koko saqinisekisa/siyaqinisekisa ukuba ibala lethu lokudlala licocekile.

Silungisa/salungisa zonke izinto zethu sizibeka/sazibeka zaziziqhu ezithathu.

Sicinga/sacinga ukuba kwakubalulekile/kubalulekile ukucoca izitalato ezisecaleni kwesikolo sethu.

Siyaphumelela/saphumelela ukuqokelelela isikolo sethu imali.







Okusingqongileyo okunempilo

Umhla:

Funda incoko uze uphendule imibuzo elandelayo.

Masifunde



Masibhale

Uthini uRachel malunga nokusingqongileyo?

Kutheni kubalulekile ukuba sigcine okusingqongileyo kucocekile?

Zintoni ezintathu ezenziwa ngabantu ezingalunganga kokusingqongileyo?

URachel uthi singcolisa umoya. Ucinga ukuba siyenza njani loo nto?



Masibhale

Bhala ezi zivakalisi kwakhona. Qala isivakalisi ngasinye ngo-**Izolo**.

Silahla inkunkuma etipini.

Izolo

Sicima izibane.

Izolo

Sivala iitephu siziqinise.

Izolo

Silima umthi egadini yethu.

Izolo



Masibhale

Dibanisa igama elikwikholamu A kunye negama elikwikholamu B ukwakha igama elitsha. Bhala igama elitsha kwikholamu yokugqibela.

Kholamu A	Kholamu B	Igama elitsha
inqwelo	indaba	
vuma	umzi	
cwangcisa	intaka	
gabula	zonke	
iliso	izigcawu	
iphepha	imali	



Ukukhusela okusingqongileyo

Umhla:

Masithethe

Jonga le mifanekiso.

- Thetha ngento oyibona kule mifanekiso.
- Kutheni ucinga ukuba kukho inkunkuma ezidolophini kunasemaphandleni?
- Kwenzeka ntoni kokusingqongileyo xa silahla izinto endaweni yokuzisebenzisa kwakhona?
- Jonga imifanekiso kwakhona. Yeyiphi indawo ocinga ukuba inempilo onokuhlala kuyo?





Masithethe

- Ncokola ngezinto ezenziwa ngabantu ezinobungozi kokusingqongileyo.

Masibhale

Bhala izivakalisi usebenzise amagama owanikiweyo.

okusingqongileyo

izityalo

amanzi

imithi

izilwanyana



Masibhale

Bhala imihlathi ibe mibini. Kumhlathi wokuqala bhala ngezinto ekungafunekanga zenziwe ngabantu kokusingqongileyo, Kumhlathi wesibini bhala ngezinto ekufuneka sizenze ukukhusela okusingqongileyo.

Yintoni ekungafuneki siyenze

Yintoni ekufuneka siyenze ukukhusela okusingqongileyo



Umdlalo

Zingakhangeleka njani ezi patheni ukuba unokubeka isipili phantsi kwazo? Zoba ezi patheni zijonge ezantsi.

Umzekelo:







Teacher

Date:

Sign:



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Inkqubo yokucoca

Umhla:

Masifunde

UBongi kunye nabahlobo bakhe bayacoca



Siliqela elinamalungu alishumi elinesibhozo saqala umbutho ojongene nokusingqongileyo kwisikolo sethu eSteenberg eNtshona Koloni. Injongo yethu yayikukwenza abantu baqonde umonakalo abawenzayo emhlabeni. Sasicinga ukuba singabanqanda abantu bangangcolisi.



Iprojekthi yethu yokuqala yaba kukucoca iklasi yethu. Emva koko saya kwibala lokudlala salicocisisa kakuhle. Sacoca nezitalato ezisingqongileyo kunye nebala elikufuphi.

Emva koko saqala inkqubo yokwenza izinto zibe ntsha zisetyenziswe kwakhona. Abafundi abazibandakanya kule nkqubo beza nezinto ezisetyenzisiweyo esikolweni. Ezi zinto ziquka iphepha, iplasitiki, itoti kunye negilasi. Ezi zinto sizithengisela iinkampani ezinokuzisebenza ukuze zibe nokusetyenziswa kwakhona.



Oku kuthiwa kwenza ntsha kwakhona. Ukwenza ntsha kwakhona yindlela yokwenza imali kwisikolo sethu. Siyathemba ukuba xa abantu besibona sisenza le nto baza kuyeka ukungcolisa baze bagcine iSteenberg icocekile.



Masithethe

- Yintoni umbutho wokusingqongileyo?
- Yintoni inkqubo yokwenza ntsha kwakhona?
- Kutheni ucinga ukuba kubalulekile ukwenza ntsha izinto kwakhona?
- Zeziphi izinto ocinga ukuba zingenziwa ntsha zisetyenziswe kwakhona?



Masibhale

Yenza uphawu ubonise ukuba ezi zivakalisi ziyinyani okanye aziyonyani na. Ukuba aziyonyani bhala isivakalisi esifanelekileyo kwisikhewu esishiyiweyo esingezantsi kwesivakalisi.

	Yinyani	Asiyonyani
Akulunganga ukuba nekhomposti.		
Ukwenza ntsha kwakhona iplastiki, iitoti kunye negilasi kulungile kokusingqongileyo.		
Abantu abalishumi elinantandathu baqala umbutho wokusingqongileyo.		
Benza ntsha kwakhona iitoti negilasi kuphela.		
Kudla ngokubakho inkunkuma eninzi ezidolophini kunasemaphandleni.		

Ukwenza ntsha kwakhona

Umhla:

Masibhale

Bawuqala phi abantwana baseSteenberg umbutho wabo wokusingqongileyo?
Yayiyintoni eyona njongo yalo mbutho? Yenza isangqa kunobumba ochanekileyo.
a) Ukuqokelela inkunkuma eninzi kangangoko benakho
b) Ukulahla inkunkuma esikolweni sabo
c) Ukwenza abantu baqonde indlela okubaluleke ngayo ukugcina okusingqongileyo kucocekile
Yaba yintoni inkqubo yabo yokuqala?
Bayenza njani imali yesikolo sabo?

Masibhale

Dibanisa amagama akwikholamu nganye wakhe izivakalisi ezifanelekileyo. Bhala isivakalisi kwakhona kwisikhewu osinikwe ngezantsi.



1. Abantwana abalishumi elinesibhozo	yayikukwenza abantu baqonde	izinto ezenziwe ntsha kwakhona zize zibahlawule imali.
2. Bona	baqokelela	umbutho wokusingqongileyo.
3. Iinkampani	bakwazi ukwenza	indlela ebaluleke ngayo iplanethi yomhlaba.
4. Injongo yabo	zithenga	imali yesikolo sabo baze bacoce okusingqongileyo.

1.
2.
3.
4.



Masibhale

Yenza isangqa emagameni avakala ngokufanayo negama lokuqala.



ilitha	isitha	imitha	ilizwe	isizwe
cima	lima	fika	sila	yima
qhuba	cula	qhula	quqa	qhuqha
imoto	ifoto	itoti	isuti	ikoko
inyama	inyanga	umnyama	inyala	injongo



Masibhale

Hlanganisa ezi zivakalisi ngokusebenzisa la magama **kodwa** okanye **kuba**.



Isitalato endihlala kuso siyanuka _____ kukho inkunkuma eninzi.

Ndihlala endaweni entle _____ kukho iiplastiki ezininzi ezithe saa ebaleni.



ILimpopo liphondo elicocekileyo _____ abantu balahla inkunkuma yabo emigqomeni.

Abantwana abacoca isikolo sabo babediniwe _____ babezidla kakhulu.



Indlela yokwenza ntsha inkunkuma

Umhla:

Masifunde

Uyakhumbula ukuba kuthetha ntoni na ukwenza kutsha kwakhona? Kuthetha ukwenza into ibe luncedo kwizinto esizilahlayo.

Makhe sijonge ukuba singenza ntoni na ngeebhotile zeplastiki ezindala kunye neetoti esidla ngokuzilahla.

Uza kufuna oku:

- isikhonkwane kunye nelitye elikhulu
- amatye amancinci
- isikere
- ipakethe yembewu yezityalo ezingamayeza (ihebzi) okanye yemifuno

1 Qokelela iibhotile zeplastiki ezingenanto, izitya zebhotolo kunye neetoti.



2 Sika imiphezulu yeebhotile zeplastiki.



3 Yenza imingxuma emazantsi ezikhongozeli usebenzise izikhonkwane nelitye elikhulu.



4 Faka amatye amancinci kwizikhongozeli.



5 Galela umhlaba kwizikhongozeli.



6 Faka imbewu emhlabeni.



7 Nkcenkceshela imbewu kabini ngeveki.



8 Beka izikhongozeli endaweni enelanga.



Wenza ntoni kuqala xa utyala imbewu?

Masibhale

Kufuneka ufake ntoni kuqala ezantsi kwisikhongozeli phambi kokuba ugalele umhlaba?

Kufuneka uzinkcenkceshele kangaphi iimbewu zakho?

Kufuneka ubeke iimbewu zakho endaweni enelanga. Xela isizathu soko?

Yenza isicwangciso sokucoca isikolo sakho.
Bhala izinto oza kuzenza kule mephu yeengcinga.

Masibhale



Ngubani oza kubandakanyeka?



Yintoni enokwenziwa ntsha kwakhona?

Ukucoca isikolo sethu

Kuza kubhengezwa njani?

Kuza kuthiwani ngenkunkuma?

Zeziphi iindawo eziza kucocwa?

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Ukucoca isikolo sethu

Umhla:



Masibhale

Sebenzisa imephu yeengcinga oyizobe kwisifundo esingaphambili. Bhala isicwangciso sakho kwizikhewu ezingezantsi.





Ngubani oza kubandakanyeka?

Kuza kubhengezwa njani ukuze nabanye abantwana bazibandakanye kulo mbutho?

Siza kucoca eziphi iindawo?

Siza kwenza ntoni ngenkunkuma?

Yintoni enokwenziwa ntsha kwakhona?





Masibhale

Yakha amagama amatsha amathandathu ngokusebenzisa oonobumba abakula magama:

Intsholongwane yenkunkuma

Masibhale

Bhala imithetho ibe mihlanu yabantwana abangcolisayo esikolweni sakho. Sebenzisa la magama ukukuncedisa.

isohlwayo se-R5 **ibala lokudlala** **iingxowa ezahlukeneyo** **iphepha** **iklasi** **itoti** **sebenzisa umgqomo** **Musa ukungcolisa** **okusingqongileyo** **igilasi**

Imithetho yesikolo sethu yabantwana abangcolisayo!

1. _____
2. _____
3. _____
4. _____
5. _____

Masibhale



Yila ipowusta yabantwana abangcolisayo.

Nanku umzekelo.
Musa ukuwukhuphela.
Wusebenzisele ukuba ucinge ezakho izimvo.

Teacher

Date:

Sign:

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz



Isichazi-magama sam



A a



B b



C c



D d





Isichazi-magama sam

E e



F f



G g



H h



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz



Isichazi-magama sam



I

i



J

j



K

k



L

l





Isichazi-magama sam

M m



N n



O o



P p



Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz



Q q



R r



S s



T t





Isichazi-magama sam

U u



V v



W w



X x



Y y

Z z







Izu yeethengremu

Sika ezi milo kwimigca echokoziweyo uze uzame ukwenza izilwanyana ezininzi kangangoko unakho. Sikunike imizekelo onokujonga kuyo.







Iimilo zeethengremu

Sebenzisa iimilo zeethengremu uze wenze ezinye iimilo zibe ninzi kangangangoko.


























glue here
glue here
glue here
glue here


glue here
glue here
glue here
glue here